NGALA MINI EKHALVARI

Enkosi, Mzalwane uNeville. [Umzalwane uNeville uthi, “Akusikelele, mzalwane!”—Mhl.] UThixo akusikelele, Mzalwane uNeville. Enkosi, kakhulu.

2 Molweni, zihlobo. Kulicham ukuba lapha emnqubeni kwakhona, kule ntsasa, ukuza kukhonza iNkosi, ngendlela yokushumayela iLizwi nokuthandazela abagulayo. Kwaye ndinombulelo omkhulu ngale mini.

3 Kwaye bendimangalisiwe, nje ngexa ndingena. Umzalwane unyukile waze wathi, “Andifuni kuba njengoneqhenqe ongafanelekanga owayephilisiwe.” NguMzalwane uWright. Bendimthandazele, yaze iNkosi yamphilisa ngokupheleleyo. Waze weza, elila, ukundibamba isandla, waze athi ebe—ebefuna ukubulela iNkosi ngo—ngokuba ephilisiwe. Ebefuna ukubuya enze umbulelo. Kumnkile konke. U—uphile ngokugqibeleleyo ngoku. Sinombulelo ngobobungqina.

4 Kwaye Charlie, wena noMzalwane uJeffries, ukuba niyanqwenela, yizani phezulu apha nize kuthabatha ezi zitulo phezulu apha. Kwaye ningaphezu koba namkelekile, ukuze kungafuneki nime. Omnye uMzalwane phaya, noMzalwane uWood, yizani nje phezulu apha. Ni...Nantsi encinci, indawo ezimbalwa apha esitulweni, ukuze kungafuneki nime. Ndiyakholwa, indawo ezimbalwa apha, kwaye, ewe, ningaba ngaphezu kokwamkeleka ukuza kuthatha ezi ndawo.

5 Sivuyile uku...ndiyakholwa kwathiwa, ngelinye ilixa, “Ndavuya bakuthi kum...” UThixo akusikelele, mzalwane. [Umzalwane uthi, “Ndisoloko ndithanda ukuba kufutshane kumshumayeli.”—Mhl.] Enkosi. Enkosi, enkosi. “Ndavuya bakuthi kum, masiyeni endlwini yeNkosi.” Elo licham novuyo loMkristu, ukuya endlwini yeNkosi.

6 Ndijonga jonga, ndibona abaninzi babahlobo bam bekho, ngale ntsasa, umoya wam uphezulu kakhulu yilento. Ndiyavuya ukubona uMzalwane noDade uDauch apha, besuka e-Ohio. Ndibona uMzalwane noDade uArmstrong emva phaya, yonke indlela ukusuka eOhio. UThixo anisikele nonke, nani. Kwaye, ow, ndijonga jonga nje, ubona abaninzi, kunganobunzima ukufumana onke amagama abo. Dade uHoover, siyavuya ukukubona ukho, ngale ntsasa, ukusuka ezantsi eKentucky. NoCharlie noNellie, uMzalwane uJeffries nosapho lwakhe, nabaninzi nje abakhoyo, abasuka ngaphandle kwesixeko.

7 Ngoko silindele ixesha elikhulu eNkosini, ngale ntsasa, silindele uThixo ahlangane nathi ngendlela yokusikelela imiphefumlo yethu nokulungiselela kwizinto esizidingayo.

8 Kwaye njengoba ndibona jikelele indawo, ukuba ndiyakubabiza bonke abahlobo bam abalapha, ndiyakuthatha ubuninzi bentsasa, ndibiza abohlukileyo. Indenza ndizive kamnandi ukubuya ebandleni, ukubona bonke abantu bekho, sifumane ukuhlangana.

9 Kuyakuba yintoni xa sifika eZulwini, ze sihlangane Apho ukwenzela ela xesha likhulu likanaphakade, ubudlelwane baNaphakade kunye, singqonge iTrone kaThixo, kwakunye neentsikelelo esizonwabeleyo sonke? Si, Phaya, siyakwenziwa ngokomfuziselo waKhe, nomfanekiselo waKhe, noMoya waKhe uphezu kwethu, ukunqula nokuMkhonza uNaphakade wonke, singasokuze sidinwe.

10 Fane nje ucinge, akukho nanye into ongacinga ngayo, othanda ukuyenza, kodwa kubekho ixesha odinwayo ukuyenza. Charlie, ndiyaqikelela mna nawe sizingele onomatse ngaphezu kwayo nantoni esithanda ukuyenza, kolohlobo lokwenza, kodwa, uyazi, uyadinwa kukuyenza.

11 Kwaye ndi—ndiyakuthanda u—ukunyuka intaba, ndiye ezintabeni ze nje ndinyuke intaba. Kodwa ndiyadinwa, ngelinye ilixa, ufuna ukwenza enye into.

12 Kwaye ndiyakuthanda ukuqhuba. Ngamanye amaxa ndizifumana ndiziva ndidiniwe ndiqobekile, nemithambo yengqondo isekupheleni. Ndiyakutsiba nje ndingene emotweni yam ndimnke, ndibambelele kwivili lokuqhuba, ndisihla ngendlela, ndicula, "Ndiyavuya ukuba ndingatsho ukuba ndingomnye wabo," okanye into ethile. Ndibambelele nje kwelavili, ndicula, kwaye ndixhentsa unyawo, ndikhwaza. Kwaye, kuhle, emveni kwethuba, ndiyadinwa, ze ndibuyele ekhaya ndiqale enye into.

13 Kodwa xa sifumana ukunqula uThixo kobuya Bukumkani butsha, akusayi kubakho ilixa lokudinwa, nje—nje iyakusoloko iyintsikelelo, nje oko oko. Kodwa, kakade, siyakube sitshintshiwe ngoko. Asisayi kuba njengokuba sinjalo ngoku. Siyakuba ngabohlukileyo, izidalwa ezahlukileyo kunokuba sinjalo kweli xesha. Ngoko, sonwabile.

14 Bendicinga nje. Andiyazi nokuba ndakhe ndayenza, ndakucaphula oku okanye hayi. Umzalwane uCharlie, ngelinye ixesha elidlulileyo, ndandisezantsi eKentucky kunye naye, waze wathi, "Mzalwane uBranham, ucinga, kwiWaka-leminyaka, wena nam siyakuzingela onomatse?"

Ndathi, "Andicingi njalo, Charlie."

15 Wathi, "Kuhle, besikuthanda kakuhle kangako," wathi, "u—ucinga ukuba siyakukwenza xa sifika kwiWaka-leminyaka?"

Ndathi, "Hayi, akuyi kubakho nto ibulawayo kwiWaka-leminyaka."

Waze wathi, "Kuhle, besikuthanda nje."

16 Ndathi, “Charlie, ukuba bendinokukujika ingqondo ukuba ngelinye ilixa wawuyihagu, waze wanyukela kubunto obungasentla, ekubeni ngumntu? Ungakhe uye, ufune ukubuyela emva uze wonwabele iziyolo zehagu?”

Wathi, “Hayi.”

17 Ndathi, “Uyabona, uyakube ungasentla kangako kwihagu, ngoku, ungumntu, awunakuze ufune ukuba yihagu kwakho.” Ndathi, “Ngoku phinda phinda oko ngamawaka alishumi, kwaye yilonto oyakuba yiyo ukusuka apha ukuya kwinto oyakuba yiyo. Awunakuze ufune ukuba ngumntu kwakho.”

18 Kunjalo kanye. Kuyakuba yinto eyahlukileyo. Ndiyavuya nje kwangengcinga zayo, ndisazi ukuba ngamini ithile siyakunyukela ngasentla.

19 Kuhle, ngoku, ukuba iNkosi iyathanda, kwiCawa elandelayo, eyakube inge. . . Ngoko ndiyakuhamba, ukuphuma ukuya eWyoming, nomhlobo olungileyo; okanye phandle e-Idaho, nomhlobo wam olungileyo, uMzalwane uMiner Arganbright, uMzalwane uClayt Sonmore, aMadoda angoSomashishini angaMakristu.

20 Kwiveki ezayo, kwiveki elandela ezayo, iyakube; umhla we-7, ndimele ukuba se—seDallas, eTexas, kwiNgqungquthela yeLizwi leMpiliso. Kwaye ubusuku bokuthetha kwam ngumhla we-7. Ze ke ndibuye, ukuya ngaphaya e-Idaho noMzalwane u-Arganbright naMadoda angoSomashishini angamaKristu. Kwaye mhlawumbi sibe nobusuku obunye eMinneapolis, phambi kokuba simke. Kunye nesidlo sakusasa esinye saMadoda angoSomashishini angamaKristu.

21 INkosi ithanda, kwintsasa yeCawa elandelayo ndifuna ukubuyela apha emnqubeni kwakhona, kwaye ukuba oko kuyavumeleka kwaye kuyintando yeNkosi. Kwaye ndifuna ukuthetha ngomxholo *Uqhwithelo kuMoya,* ukuba iNkosi iyathanda. Kubonakele kusentliziyweni yam, yonke iveki.

22 Kwaye ngenye leya intsasa, ekuseni kakhulu, malunga nentsimbi yesine kusasa, ndavuka ndafumana lengcinga, “Ngala mini eKhalvari.” Kwaye ndifuna ukuthetha ngoko, kule ntsasa: *Ngala Mini EKhalvari.*

23 Kwaye ngoku ukwenzela oku kufunda, masityhileni ngoku kwiBhayibhile zethu, kwiSibhalo, kwiVangeli yoNgcwele uMateyu, kwisahluko sama-27. Kwaye siyakuqala kumqolo wama-27 ze sifunde indawo yesi Sibhalo, ukufumana iintshayelelo zethu, emva koko siqalise kanye ngoko. Kwaye emva kwenkonzo yokushumayela, ngoko sizakuba nomthandazo ukwenzela abagulayo.

24 Kwaye, owu, ukusukela kwixesha lokugqibela apha, ukubuyisa nje, kwaye nokufanekisela ulungiselelo lwam

olutsha. Ndifumene obungaphezulu ubungqina obubuyayo kulamhlangano kunokuba ndikhe ndanabo ixesha elide.

25 Kukho into malunga, nokuba kufuneka umchukumise umntu, akukhathaliseki nokuba angakanani amandla angaphezu kwendalo abonakaliswayo. Kodwa, uyabona, impiliso kufuneka ihlale phezu kokholo lwalomntu. Ngoku, ukuba lomntu unokholo . . .

26 Kwaye babone, njenge, uMoya oyiNgcwele uhamba phezu kwesihlwele uze uthi, "*Ezithile-nezithile* izinto zenzekile. Kwaye, oko, ungu *zibani-bani* igama. Kwaye uvela *kwethile* indawo. Kunye *nokuthile* into oyenzileyo. Kwaye kuza kuba *ngale* ndlela." Kwaye babone konke oko kusenzeka nje ngalo ndlela!

27 Kube, umntu ngokwakhe, ehleli phaya, umele kukukhangela phezulu athi, "Okuya kumele ibe nguThixo. Ndiyayamnkela impiliso yam."

28 Kodwa, endaweni yoko, umntu ngokwakhe uthi, "Beka izandla kum undithandazele, ukuze ndiphiliswe." Kodwa yindlela esifundiswe ngayo leyo apha eMelika, kwaye, ngoko, ukukholwa lonto. Kwaye oko ngokuqinisekileyo siSibhalo.

29 Kodwa ngoku sifumanisa, e-Afrika neendawo ezahlukileyo, nje ukuba kwenzeke into enjalo, isihlwele sonke siyenyuka sonke ngaxeshanye, samkele impiliso yaso, ngokuba abakafundiswa nto. Uyabona? Abafundiswanga nkqu nempiliso. Kwaye xa bebona okuya, bayayazi ukuba kukho uThixo ophilayo. "Kwaye ukuba Uyaphila, U—Ungowongameleyo, kwaye U—Uyaphilisa." Kwaye yilonto, ngokuba isiseko sele sondlaliwe, iziseko, sokuba Ungumphilisi, kwaye ephilisa abantu. Ngoko xa bebona uBukho baKhe busebenza ngeBandla laKhe, emva koko bathi, "Oko kuyazalisekisikile. Kuko konke esikudingayo."

30 Kodwa sifundiswe, "ukubeka izandla kwabagulayo," nezinto ezinjalo. Naso isizathu ingasebenzi kakuhle kangako eMelika.

31 Ngoku, khumbula, kwintsasa yeCawa elandelayo, iNkosi ithandile, uMzalwane uNeville uza kuyazisa, kakade. Kwaye . . . i . . . *Uqhwithelo kuMoya.*

32 Ngoku, bendininika ixesha elincinane lokuthyila iZibhalo zenu, kuMateyu wama-27. Masiqale ukufunda kum—kumqolo wama-27, weVangeli yoNgcwele uMateyu. Ngoku masimale kufutshane ekufundweni.

> Aza *amasoldati erhuluneli amthabatha uYesu amsa endlwini yerhuluneli, alihlanganisela phezu kwakhe ibutho lawo liphela.*
>
> *Amhluba, amnxiba ingubo ebomvu.*
>
> *Aluka isitshaba ngameva, amthi* jize *ngaso entloko, abeka nengcongolo kwesakhe . . . isandla: awa*

ngamadolo phambi kwakhe, adlala ngaye, esithi, Aa, Kumkani wamaYuda!

Amtshicela, ayithabatha ingcongolo, ambetha entloko.

. . .akuba edlale ngaye, amhluba ingubo leyo, amambathisa kwezakhe iingubo, amrhola aya kumbethelela emnqamlezweni.

Athe ke ekuphumeni, afumana umntu waseKirene, ogama linguSimon: anyanzela lowo ukuba awuthwale umnqamlezo wakhe.

Athi akufika, ndaweni kuthiwa yiGolgotha, oko kukuthi, yindawo yokakayi,

Amnika iviniga iphithikezwe nenyongo ukuba asele:. . .wathi akuyiva, akavuma ukuyisela.

Athi akumbethelela emnqamlezweni, abelana ngeengubo zakhe, esenza amaqashiso: ukuze kuzaliseke okwathethwa ngumprofeti, Babelana ngeengubo zam, benza amaqashiso *ngesambatho sam.*

. . .ahlala phantsi amlinda khona apho;

Babeka. . .ngaphezu kwentloko yakhe ityala lakhe libhaliwe kwathiwa, LO NGUYESU UKUMKANI WAMAYUDA.

Ngoko kwaye kukho *izihange ezibini zibethelelwa naye eminqamlezweni, esinye ngasekunene,* nesinye *ngasekhohlo.*

Ba—bamnyelisa ke bona abadlulayo, behlunguzela iintloko zabo,

Besitsho ukuthi, Wena uchitha *itempile,* uyakhe *ngeentsuku ezintathu, zisindise. Ukuba ungunyana kaThixo, yihla emnqamlezweni.*

Ngokukwanjalo ke nababingeleli abakhulu bedlala ngaye, benabo ababhali namadoda amakhulu, bathi,

Abanye wabasindisa; yena ngokwakhe akanakuzisindisa. Ukuba unguKumkani kaSirayeli, makehle kalokunje emnqamlezweni, sokholwa nguye.

Wakholosa ngoThixo; makamhlangule kalokunje, ukuba uyakumsindisa: kuba wathi, NdinguNyana kaThixo.

Zaye ke nezihange, ezibe zibethelelwe emnqamlezweni naye, zimngcikiva kwangokun*jalo, kwangoku njalo.*

Kuthe ke kuthabathele kwilixa lesithandathu kwada kwesa kwilixa lesithoba kwehla ubumnyama phezu kwawo wonke umhlaba.

Ke kaloku malunga nelixa lesithoba wadanduluka uYesu ngezwi elikhulu, esithi, Eli, Eli, lama sabhaktani? Oko kukuthi, Thixo waM, Thixo wam, undishiye ngani na?

Inxenye ke yababemi khona, yakuva, yathi, Lo mntu ubiza uEliya.

Wesuka kwaoko omnye . . . wagidima, wathabatha imfunxa, wayizalisa ngeviniga, wayifaka engcongolweni, wamseza.

Bathe ke bona abanye, Khawuyeke, sibone ukuba u-Eliya uza *kumsindisa na.*

Uthe ke uYesu, ephinde wadanduluka ngezwi elikhulu, wawukhupha umoya wakhe.

Lasuka, ikhuselo, lengcwele lakrazuka kubini lithabathele phezulu lesa phantsi; umhlaba wanyikima, namawa acandeka;

. . . mangcwaba avuleka; zathi izidumbu ezininzi zabangcwele ababelele zavuka,

Baphuma emangcwabeni emveni kokuvuka kwakhe, bangena kuwo umzi ongcwele, babonakala kuninzi.

Ke kaloku umthetheli-khulu, nabo babelinda, uYesu naye, bakubona ukunyikima oko, nezo zinto zenzekileyo, boyika kakhulu, besithi, Inyaniso lo ebenguNyana kaThixo.

33 Masithobiseni iintloko zethu nje umzuzwana senzele umthandazo.

34 Nkosi, siyazi ukuba Wena unguThixo. Kwaye i . . . Emveni kokufunda eli lihloniphekileyo lingcwele iLizwi, sisabona ukuba imvelo yaKho ayikaguquki. Usoloko unguThixo. Kwaye kwakubonokala ngathi uYesu akazi kufumana naluphi uncedo, ukuba Wayethatyathwe zizandla ezikhohlakeleyo waxatyelwa waba ziziqwenga, bamtshicela, bamngcikiva, ejinga emnqamlezweni, esopha, esifa. Kwaye kubonakala ngathi akukho ncedo, naphi na, nangoko de Wakhala, Yena ngokwakhe, "Thixo waM, Thixo waM, Undishiye ngani na?"

35 Kodwa, Wena wenza into ngelixa apho kungekho nto ingenza nto. Sinikiwe ukuba sazi, Nkosi, ukuba sinemilambo esingenako ukuyiwela, ukuba sineentaba esingenako ukuphinyela kuzo, uThixo ugqwese ngokwenza izinto abanye abangenako ukuzenza.

36 Uyingcaphephe, emsebenzini, ngokuba wawusazi isizathu salamhla eKhalvari. Wena, Wena ekubeni unguThixo, Ongenasiphelo, wawusazi ukuba leyure imele ifike. Kodwa xa yazalisekayo, kengoko Wabonakalisa ukuba UnguThixo. Wabonakalisa ukuba nguBani ophetheyo. Wawuzamazamisa

umhlaba, nabangcwele ababelele emhlabeni baphuma. Wenza mnyama ilanga ebusuku, njengobumnyama bobusuku, ubonisa ukuba UnguThixo. Kodwa wabonakala ngathi uthule ixesha elide kangako.

37 Masithi, okuphuma koku, senze *oku* kuhlanganiswa kwentetha, ukuba, okoko nje sihamba kuMoya, sikhokelwa sisandla sikaThixo, nokuba yintoni ebonakala ingundonakele, nangoko sijonge eKhalvari; uThixo uzakuthetha ngeyure echanekileyo, ngelixa elichanekiyelo.

38 Ngoku, Thixo Bawo, siyakucela uxolo ngezono nezigqitho zethu. Siyakucela uMoya waKho usikhokele. Sikhokele, njengokuba iHobe lakhokela imvana. Masibe ngabathobelayo nakuyo nantoni na engasehlela, sisazi oku, ukuba uThixo usebenza zonke izinto zibentle, sazi ukuba konke kuzakulunga.

39 Yiba nathi namhlanje kule nkonzo. Siyathandaza ukuba usindise abo bakwisimo sokusindiswa, kwaye bafuna usindiso. Gcwalisa abo ngoBomi obunguNaphakade, abafuna okunjalo. Siyathandaza ukuba uphilise abo bagulayo nabaxhwalekileyo, abazileyo, befuna impiliso. Kwaye siyaku Kudumisa ngalo nto. Sikucela oko eGameni loNyana waKho, uMsindisi wethu, uYesu Kristu. Amen.

40 Ngoku, ekuthetheni kule ntsasa, sinqwenela ukutsala ingqwalasela yenu kule tekisi ndikhethe ukuthetha ndisusela kuyo: *Ngala Mini EKhalvari*.

41 Kubonakala ngathi kungaba kancinci ngaphandle kwexesha layo; oku kumele ukuba ngoLwesihlanu oLungileyo. IKhalvary imele ukukhunjulwa yonke imihla. Kwaye sive kangako ngayo, safunda kangako ngayo. Abashumayeli bashumayele ngayo, sukela ekuqalekeni kwexesha. Iimvumi ziculile ngayo, kwizigaba. Abaprofeti bayixela kwangenxa engaphambili, amawaka amane phambi kokuba ibe iyenzeka. Kwaye abaprofeti balomhla bakhomba emva xa yenzekayo. Ungonjalo ukubaluleka umhla! Yenye yemihla ebaluleke kakhulu kuyo yonke imihla uThixo awakhe wavumela ukusa phezu komhlaba.

42 Kwaye ukuba ubaluleke kangako kuhlanga loluntu, iKalvary, ndicinga kusilungele ukubuya umva siyihlole, sibone nje ukuba yintoni intsingiselo yawo kuthi. Ngokuba, ndiqinisekile, kule yure isemva siphila kuyo, sifuna konke ukubaluleka kukaThixo esingakwazi. Nako konke esingakufumanisa, silapha ukuza kufunda ngako, sibone ukuba yintoni eyeyethu, nokuba yintoni uThixo asenzele yona, nokubona ukuba yintoni Athembise ukusenzela yona. Kwaye yilonto esizela yona enkonzweni. Nako ekubangela umshumayeli ashumayele, nako ekubangela afunde acamange ngeZibhalo, afune impembelelo, kungenxa yokuba usisicaka sikawonke wonke kubantu bakaThixo. Kwaye uzama ukufumana into eya . . . uThixo ayakufuna ukuyithetha kubantu

baKhe, into eyakubanceda. Mhlawumbi, ingaba, ibagwebe ezonweni zabo, kodwa ibe luncedo ukubaphakamisa, ukuze babe nokushiya izono zabo baze baphakame ukuze bakhonze iNkosi. Kwaye abalungiseleli bamele ukuzifuna ezi zinto.

43 Kwaye lomhla, ungobaluleke kangako, omnye wemihla emikhulu, masijongeni izinto ezintathu ezahlukileyo lamhla onentsingiselo ngazo kuthi. Besingathatha ezingamakhulu. Kodwa, ngale ntsasa, ndikhethe nje ezintathu ezahlukileyo, ezizezona zinto esifuna ukujonga kuzo, kule mizuzwana ilandelayo, iKhalvari enentsingiselo ngazo kuthi. Kwaye ndiyathandaza oko kugwebe wonke umoni okhoyo; kwenze ngamnye ongcwele aye emadolweni; kwenze wonke umntu ogulayo aphakamisele ukholo lwakhe kuThixo, aze ahambe emke, ephilisiwe; umoni ngamnye, esindisiwe; ngamnye owileyo elukholweni abuye, abe neentloni ngesiqu sakhe; naye ngamnye ongcwele, avuye, athathe ukubambelela okutsha nethemba elitsha.

44 Into enye enkulu, into ebalulekileyo iKhalvari eyithethayo kuthi nakwihlabathi, kukuba, yaphelisa umbuzo wesono, kwakanye. Umntu wafunyaniswa enetyala lesono. Kwaye isono yayisisohlwayo ekwakungekho mntu unokusihlawula. Isohlwayo sasisikhulu kangako de kwangabikho bani unokusihlawula isohlwayo. Ndikholwa ngokunyanisekileyo ukuba uThixo wakumisela ngalo ndlela, ukuba isohlwayo sibe sikhulu kangako ukuze kungabikho mntu unokusihlawula, ukuze Ayenze, Ngokwakhe. Ngoku, isohlwayo sesono yaba kukufa. Kwaye sonke sazalelwa esonweni, sabunjwa ebugwenxeni, seza ehlabathini, sithetha ubuxoki. Ngoko ke kwakungekho namnye kuthi owayefanelekile, okanye, babengenakufumana namnye emhlabeni owayefanelekile.

45 Kwaye isono asizange siqale emhlabeni. Isono saqala eZulwini. ULuci-. . . wa. . . uLusifa, umtyholi, waye esisidalwa esiqalekisiweyo, ngenxa yokungathobeli kwakhe, phambi kokuba awele emhlabeni. Isono saqala eZulwini, apho uThixo wabeka iiNgelosi, nokunye, kwisiseko esinye Awabeka abantu kuso; ulwazi, umthi wokwazi, umthi woBomi nomthi wokwazi, apho umntu wayenokuthatha ukuzikhethela. Kwaye xa uLucifer wanikwa ukuba mkhulu, ukuba enze ukukhetha kwakhe, wafuna into engcono kunale uThixo anayo. Oko kwaqala ingxaki.

46 Kwaye kukho umqathango ukwenzela isono. Umqathango yaba kukufa. Ukufa yaba sisohlwayo. Kwaye, kukuthi, besingangena kwiinkcukacha ezinkulu ngoku, ngokuba ndikholwa ukuba kunye ukufa. Kukho Ubomi obunye. Kwaye ndiyakholwa umntu onoBomi obunguNaphakade akanakuze afe. Kwaye ndiyakholwa kukho ukutshatyalaliswa okuphelelyo kwalo mphefumlo wonayo, ngoba iBhayibhile ithe, “Umphefumlo owonayo, uyakufa ngokuqinisekileyo.”

Hayi umntu; "*umphefumlo* owonayo." Ngoko, uSathana umele ngokuqinisekileyo afe, atshatyalaliswe ngokupheleleyo. Indlela endingangqinelaniyo nozwe-lonke othi uSathana uyakusindiswa! Wona, kwaye ungumqali wesono. Kwaye umphefumlo wakhe wona; kwaye wayengumoya. Lamoya uzakutshatyalaliswa ngokupheleleyo, kungabikho nto ishiyekileyo yawo.

47 Kwaye xa isono sakhahleleka emhlabeni, emva ekuqalekeni, njengeshiti lobumnyama busiwa buvela emazulwini, ngokucacileyo salikhubaza ihlabathi. Salahlela sonke isidalwa, emhlabeni, nayo yonke indalo kaThixo, ekukhonkxweni. Umntu waba sekukhonkxweni kokufa, izigulo, ingxaki, iintsizi. Yonke indalo yawa nayo. Isono saba liyeza lokuyobisa oko eneneni kwakhubaza ihlabathi. Saze ke sabekwa apha, kungekho themba, ngoba sonke isidalwa emhlabeni sasiphantsi kwalonto. Kwaye wonke ozelweyo emhlabeni waba phantsi kwalonto.

48 Ngoko, kwafuneka ize ivela kwiNdawo apho kungekho sono. Ibingena kuvela emhlabeni. Omnye wethu ebengenakukhulula omnye ngentlawulelo. Bekufuneka ivele koMnye.

49 Ngoko ke, xa umntu waqondayo ukuba wayehlukanisiwe kuThixo wakhe, waba ngumbhaduli. Balila. Bakhala. Babulaleka. Babhadula ezindaweni, ukunqumla iintaba nokunqumla iintlango, befuna Umzi umakhi nomenzi wawo unguThixo. Ngoba, wayeyazi into yokuba ukuba angakhe abuyele kwakho eBukhweni bukaThixo, angayithetha ilunge naYe. Kodwa kwakungekho ndlela ibuyelayo. Waba ngolahlekileyo. Akayazi ukuba aye kweliphi icala, ngoko wesuka wahamba nje, ebhadula, ezama ukufumana indawo apho angathi afumane indlela ebuyela kulaNdawo. Okuthile ngaphakathi kwakhe kwamxelela ukuba uvela kwi—kwiNdawo egqibeleleyo. Akukho nomntu apha kwesi sihlwele sibonakalayo, ngale ntsasa, okanye kwisihlwele sekhasethi lemagneti, apho iyakuhamba ijikeleze ihlabathi, akukho nomnye apha, okanye naphina, kodwa ngabafuna langqibelelo.

50 Uhlawula amatyala akho, ucinge, "Oko kuya kuyiphelisa." Xa uhlawule amatyala akho, emva koko kubekho umntu ogulayo kusapho lwakho. Xa isigulo silunga, emva koko ube namanye amatyala ekufuneka uwahlawule. Into yokuqala oyaziyo, iinwele zakho ziba ngwevu, ngoko ufune ukubuya ubemtsha kwakho. Kwaye kukho okuthile lonke ixesha, ngokuqhubekekayo, kwaye ngenxa yela liza lesono. Kodwa entliziyweni yakho, ngenxa yokuba ufuna okuya, kuyabonisa ukuba kukho iNgqibelelo ndaweni ithile. Ndaweni ithile, kukho okuthile.

51 Naso isizathu, amaxesha amaninzi, namhlanje, esibangela ukuba umoni abe usabhadula ezindaweni. Entle, intombi esentsha iyakucheba izihlwitha zenwele zayo, ukuze ibe ngodumileyo; iqabe ubuso bayo, ukuzenza ibukeke intle; inxibe

iimpahla eziya kuveza ukumila kwakhe. Ngenxa yokuba, kuphela kwento angayifumana, efumana ndaweni ithile ezama ukufumana into engabuyela kuye, xa enokwenza amadoda ambethele ukhwelo, amphakamisele isandla, ambethele imehlo. Abatsha abafana bayakwenza lonto inye kubafazi, azame ukuzenza abe nomtsalane kuye. Abamelwane bayakwakha indlu, bayiluugise ngendlela ethile, ngokuba iyakubonakala ingcono kancinane kunendawo yommelwane wakhe. Injalo lonke ixesha, sifuna okuthile, kwaye okuthile kuhlala kunyukela nje kancinci ngasentla kwayo. Inenekazi iliselitsha liyakufumanisa ukuba elinye inenekazi eliselitsha lidume ngaphezu kwalo. Ummelwane uyakufumana indlu ekhangeleka ngcono kuneyakhe. Umfazi uyakufumana omnye umfazi unxibe ngendlela ethile, ekhangeleka ngcono kunaye.

52 Kokuthile ngaphakathi kuthi, okufuna ngaphandle okuthile, kwaye kuyabonisa ukuba silahlekile. Sifuna ukufumana lanto iyakusibuyisela kokuya kwaneliseka, okuya kuzalisa landawo ilambileyo ngaphakathi phaya, kodwa kubonakala ngathi asinakuyifumana. Abantu bayizama kwizigaba. Bayililela. Bakhala. Benza yonke into abayaziyo, kodwa nangoko zange bayifumane, bebhadula ezindaweni benqumla ihlabathi.

53 Ekugqibeleni, ngenye imini, yila mini yeKhalvari, kwakukho Omnye wehla evela eBuqhaqhawulini. Omnye, oGama linguYesu Kristu, uNyana kaThixo, Owehla evela eBuqhaqhawulini, yaze iKhavari yenziwa. Yayiyilamini ixabiso elahlawulwayo, waze umbuzo wesono wapheliswa ngonaphakade. Yaze yavula indlela yalento esiyilambeleyo nesiyinxanelweyo. Yazisa indawo yokwaneliseka. Akukho mntu owakhe watyelela eKhalvari, waze wayibona ngendlela eyayiyiyo, oyakuze afane nokuba ebenjalo. Yonke into awakhe wayinqwenela okanye wayilangazelela, iyaneliswa, xa efika kulandawo.

54 Yayingumhla obaluleke kangako, nento ebaluleke kangako, yazamazamisa ihlabathi. Yazamazamisa ihlabathi, ngendlela elingazange linyikimiswe ngayo ngaphambili. Xa uYesu wafayo eKhalvari waze wahlawula umbuzo wesono, elihlabathi lizele isono lacinyelwa zizibane. Ilanga latshona embindini wemini, laba nokungasebenzi ngesiquphe. Namawa anyikima, iintaba zakrazuka, nemizimba efileyo yavumbuluka engcwabeni.

55 Yenza ntoni? UThixo waqwalasela ngqo, eKhalvari. Wangxwelerha esasilwanyana, sibizwa uSathana, ngonaphakade. Ngoku ubengokhohlakeleyo ngakumbi ukusukela ngoko, ngenxa yokuba yazisa uKukhanya eluntwini. Kwaye nabani na uyazi ukuba isilwanyana esingxwelerhekileyo sesona sikhohlakeleyo, sirhubuluza sijikeleza nomqolo waso owaphukileyo. Ngoku, uSathana wakhahlelwa phantsi, eKhalvari. Umhlaba wabonakalisa ukuba kwaba njalo.

56 Elona xabiso likhulu lakha lahlawulwa, kwaye nokuphela kwaKhe owayenako ukulihlawula, weza wakwenza oko eKhalvari. Kulapho ixabiso elikhulu lahlawulwa khona. Yenye yezinto leyo. UThixo wayeyifunile. Akukho mntu wayefanelekile. Akukho mntu wayenako. Akukho mntu wayengayenza. Waze uThixo weza, ngokwaKhe, waza wenziwa umntu, waphila ubomi bomntu, phantsi kweminqweno yomntu, waze wabethelelwa emnqamlezweni eKhalvari. Kwaye phaya, xa uSathana wacinga ukuba Akasoze ayenze, Akasoze aqhubeke nayo, Wadlula eGetsemane nakuso sonke isilingo nawuphi na umntu wakha wamelana naso. Wadlula kuso njengabantu bonke, kodwa Walihlawula ixabiso.

57 Kwaye nantso into eyacima umhlaba izibane. Kwaba njenge yeza lokulalisa, ukwenzela uqhaqho. Xa ugqirha enika umntu inaliti yokulalisa, uqale amyobise, phambi kokuba alwenze. Kwaye xa uThixo wayesenza u—uqhaqho esenzela iBandla, ihlabathi lafumana iyeza yokuyobisa, indalo yaba nonyikimo olundlongondlongo. Akumangalisi! UThixo, ekwinyama yomntu, wayesifa. Yayi yiyure ihlabathi elaliyikhangela, nangoko abaninzi babo zange bayazi.

58 Njengokuba kunjalo namhlanje, baninzi abazikhangeleyo ezi zinto, kwaye nangoko abaziqondi. Abayiqondi indlela yokuphuma. Basa zama ukufuna iziyolo nezinto zehlabathi, bezama ukufumana indlela yabo yokuphuma.

59 Zazikho, zaba ninzi iimpawu zokukhomba ezalatha kulamini, izithunzi ezininzi zangaphambili. Yayenzelwe isithunzi sangaphambili ngemvu, ngethokazi lenkomo, ngevukuthu, nazo zonke ezi zinto, kodwa nangoko ingenako ukukophula. Yayingenako ukukophula okuya kubamba kokufa, apho wayewubambe khona umhlaba uSathana.

60 Lamawa manye wakhe wahamba kuwo, esihla enyuka emhlabeni, amatye omlilo! ULusifa wayengunyana wesifingo, kwaye wayehamba emhlabeni ngexa wawuyintaba-mlilo evuthayo. Loo matye manye athi aphola, xa uYesu wafayo eKhalvari, agqabhuka aphuma emhlabeni.

61 Ixabiso elahlawulwayo, yaze imbophelelo kaSathana yaphulwa. UThixo wabuyisela ezandleni zomntu, indlela ebuyela kokuya akufunayo. Kwakungafuneki alile kwakhona. Wabetha, xa Wophula ithambo lomqolo kaSathana, phaya eKhalvari, ithambo lomqolo wesono, lwesigulo! Kwaye uzisa wonke umntu onokonakala, emhlabeni, imbuyisela kuBukho bukaThixo, nezono zixolelwe. Haleluya! Izono zethu zixolelwe. Asokuze uSathana asicime asisuse kuThixo.

62 Kukho umendo owenziweyo. Kukho umxeba ohleli phaya. Kukho ucingo oluya eBuqhaqhawulini, kuzisa wonke umntu abe nokufikelela kwelacingo. Ukuba umntu uzele isono, iyamnxibelelanisa nengaphakathi. Angaxolelwa esa sono. Hayi

kuphela oko, kodwa esa sono sihlawulelwe. Ow! Akudingeki uthi, “Andifanelekanga.” Ngokuqinisekileyo, awufanelekanga, ubungenakuze ufaneleke. Kodwa Ofanelekileyo wathabatha indawo yakho. Ukhululekile. Akudingeki ubhadule kwakho. Akudingeki ube ngumntu ozungula iziyolo phandle apha emhlabeni.

Ngoba kukho umthombo ozele iGazi,
Elitsalwe kwimithambo kaImanuweli,
Apho aboni bangena phantsi kwalo,
Balahlekelwe ngawo onke amabala obutyala.

63 Akukho mfuneko yokuba ulahleke. Ukhona indlela ephakamileyo, kwaneNdlela, kwaye ibizwa ngokuba yiNdlela yobungcwele. Abangacocekanga abadluli kuyo. Ngoba, udlula emthonjeni, kuqala, aze ke angene kumendo.

64 Wawophula amandla kaSathana. Wazivula iingcango zentolongo yesihogo, kuwo wonke umntu owayevalelekile, kulomhlaba, ezintolongweni, esoyika ukuba xa esifa, ukufa kuya kuba yintoni kuye. EKhalvari, Wazivula ezo ngcango zentolongo, athi wonke osekukhonkxweni aphume ekhululekile. Akukho mfuneko yokuba ube saqwengelwa phantsi sisono. Akukho mfuneko yokuba ube sanikela amalungu akho kwisono, ukusela, ukutshaya, ukudlala amaqashiso ngemali, ukuthetha ubuxoki. Unganyaniseka, ubelilungisa, uthi tye. Kwaye uSathana akanakwenza nto ngalo nto, ngenxa yokuba ubambelele kwintambo, iNtambo-yobomi emiliselwe i-ankile kwiLiwa laPhakade. Akukho nto ingakushukumisa ikususe kuYo. Akukho mimoya ingakushukumisa ikususe kuYo. Hayi akukho nto, hayi nkqu nokufa ngokwakho, kungasihlula kuthando lukaThixo elikuKristu uYesu. Nantso into eyathethwa yiKhalvari.

65 Abantu ababe sembophelelekweni bakhululwa. Abantu ababekade ngaxesha linye bephantsi koloyiko lokufa abasenako ukoyika ukufa. Umntu onqwenela iSixeko, omakhi nomenzi waso, uThixo, angaqabela kumendo, aze abhekise ubuso bakhe eZulwini, ngokuba ukhululekile. Halelulya! Ukhululwe ngentlawulelo. Akudingeki abe sabhadula kwakhona, ngokuba ikhona indlela yokwazi ukuba ingaba uchanile okanye hayi. UThixo usinika uBomi. Izono zethu zimkile. Lamini eKhalvari yalihlawula ixabiso. Xa sibona konke okuya, akumangalisi imbongi yabhala:

Amawa aqhekeka phakathi nesibhakabhaka
esibamnyama
UMsindisi wam wathoba intloko yaKhe wafa.
Ikhuselo elivulekayo layityhila iNdlela
Eya kuvuyo lweZulu nemini engenasiphelo.

66 UAbraham akukho mfuneko yokuba abhadule kwakhona, enqumla ilizwe, efuna isixeko. Umoni akukho mfuneko

yokuba afunise kwakhona, ukuba angaba nako ukusindiswa okanye hayi. Umntu ogulayo akukho mfuneko yokuba afunise kwakhona ukuba angaba nako ukuphiliswa okanye hayi. Ikhuselo elivulekayo, ngalamini eKhalvari, latyhila iNdlela eya kolupheleleyo uloyiso. UThixo wasinika amandla oMoya waKhe, ukuze siphile ngoloyiso kuzo zonke ezi zinto; usicela ukuba siyikholwe kuphela. Oko kwenzeka ngala mini eKhalvari. Akuzange kubekho imini enje ngala mini. Akusokuze kubekho enje ngayo. Ayisadingeki kwakhona. Ixabiso lihlawulwe, kwaye sikhululwe ngentlawulelo. Umbulelo kuThixo! Sikhululwe ngentlawulelo. Akusekho kwakhona ukuba safunisa ngako. Akusekho kwakhona ukuba saqikelela ngako. Konke kususiwe. Ikhuselo labuyisa umva umkhusane, kwaye sibekwe kumendo, hayi ukuba sibe safunisa kwakhona, kodwa sikholwe sihambe nje ngqo. Sihamba singene ngqo kubukho bukaThixo.

67 U-Abraham wayesazi, nabanye besazi, ukuba ngexa befuna isiXeko, babesazi ukuba bavela Ndaweni ithile. Ikhona into eyenzekayo. Babephila kumhlaba okhubazekileyo. Iinyikima zeza. Iinkqwithelo ziyeza. Iimfazwe nokubulala! Ingcuka nemvana enye idla enye, okanye ingcuka idla imvana, nengonyama itya inkomo. Ayikhangeleki ilungile. Ikhona into engundonakele. Wayesazi ukuba ikhona into engundonakele. Umntu nomntakwabo babulala umntakwabo; utata ubulala unyana, unyana ubulala utata. Ikhona into engundonakele. Uyaguga. Uyafa. Uyavuthuluka ephela. Isigulo sikuye. Usembophelelekweni. Imithi iyakhula, kodwa hayi ukungonakali. Iyafa. Iintaba ziyatshintsha. Iilwandle ziyoma. Amanzi ayasilela. Kukhona into ethile engundonakele. Kwaye wayefuna indawo, iSixeko apho oko kungenzekiyo kwakhona. Wayesazi, ukuba anganako ukubuyela eBukhoneni baLowo wayenza yalunga, angayithetha ilunge naYe.

68 Owu, elinjani icham, moni, eliyiyo, ngale ntsasa, ukuyazi ukuba uyifumene iNdlela ngoku. Lamini eKhalvari yayivula indlela. Ukwenzela konke abo bakudala abakuzingelayo bekufuna, iKhalvari yakunika wena, ngesisa. Ungayala njani? Ungayala njani, ukuze uzimanye nehlelo? Ungayala njani, ukuze ubambise ngenye into endaweni yayo, iziyolo zehlabathi? Kutheni ungayamnkeli? Ikhuselo elivulekayo libuyisela umntu kanye eBukhoneni bukaThixo, engena sono kuye, nasaluphi na uhlobo. Kwaye libeke indlela phambi kwakhe, eya kule nto ayifunayo: iZulu, ubuqhaqhawuli, uxolo, uBomi ubunguNaphakade, yonke into kanye phambi kwakhe.

69 Lamini yaba si—sisithonga esibulalayo kumandla kaSathana. Yaphelisa yonke into.

70 Kwaye ndiyaMbona phaya; Wayeyimvana yase Eden, ukusukela kwesokuqala isithunzi esezayo ngayo.

71 Xa uAbheli, ngokholo, wanikela kuThixo owona ungcono umnikelo kunoKhayeni, wayenokuba ubophelele i—isebe lomdiliya kwintamo yemvana, wayirhuqela phezulu eliweni. Wathabatha i—ilitye esandleni sakhe, ukwenzela into yokutsheca, waze wayitsala intloko yayo encinane yabuya umva, waze wayinqumla eyitsheca de yafa. Babe uboya bayo bumanziswe ligazi layo. Yaqubha egazini layo. Yayisisithunzi.

72 Kodwa ngalamini eKhalvari, kwakungekho mvana yalo mhlaba, kodwa yayiyiMvana kaThixo, eyayisifa, iqubha eGazini LaYo. Watshecwa, wanqunqwa, wabethwa, watshicelwa, wakhahlelwa, waqhwatywa, nento yonke, lihlabathi, neGazi livuza ezinweleni zaKhe.

73 Xa yafayo imvana ka-Abheli, yafa, ithetha ngelwimi u-Abheli awayengaliqondi. Yayisenza isikhalo semvu.

74 Kwaye xa iMvana kaThixo yafayo ngalamini eKhalvari, Wathetha ngelwimi ekwakungekho bani uMqondayo. "Thixo waM, Thixo waM, UNdishiya ngani na?" Yayi yiMvana kaThixo, yatshecwa yaziziqwenga, yanqunqwa.

75 Waye eyiyi loo Mvana kanye u-Abheli awayenayo engqondweni, xa wabonayo iMbewu ethenjisiweyo yomfazi. Waye yiMvana uDaniyeli awayibonayo, eyakrolwa ikhutshwa entabeni, ngaphandle kwezandla. Waye liVili embindini wevili, kumprofeti. Konke abakubonayo kwangaphambili kwazalisekiswa ngalamini, ngala mini eKhalvari. Lonto yangenisa into enkulu ngaphakathi. Yaphula umqolo kaSathana.

76 Okokuqala, simelwe kufuna into lamini eyayithetha yona. Okwesibini, simele sibone into lamini eyasenzela yona, ngoku, into eyasenzela yona. Ngoku, okwesithathu, masijonge oko simele siyenzele kona lamini. Yintoni esimele siyenze?

77 Okokuqala, simele sijonge kuyo, ngoba yimini enkulu, eyona inkulu kuzo zonke iimini. Ixabiso lesono lagqitywa. Amandla kaSathana aphulwa.

78 Kwaye ngoku sifuna ukubona ukuba yintoni esimele ukuyenza ukubuyekeza. Ngoku, ukubuyekeza, xa uYesu wafayo eKhalvari, eKhalvari ngala mini, Akazange ahlawule ixabiso lezono zethu kuphela, kodwa Wahlawula ixabiso waze wenza nendlela ukuze sibe nako ukuMlandela; ngoba thina, njengoo-Adam abawileyo abahlanguliweyo. Njengokuba uMoya wamkhokela uAdam (owokuqala uAdam) ngoMoya, owayenolawulo lwendalo yonke, ngoko thina (owesibini uAdam), okanye abantu bomhlaba abakhululwe ngentlawulelo nguKristu, ukusukela kwimini yeKhalvari, singanako ukuMlandela. Ngoku, xa wafayo eKhalvari, Wenza indlela. Wanikela ngoMoya, uMoya oyiNgcwele, Awawuthumela emva emhlabeni, ukwenzela wena nam siphile ngawo. Yilonto iKhalvari ethetha yona kuthi, ukuMlandela.

79 Okokuqala, jonga kuyo, ubone ukuba yasenzela ntoni. Kwaye ngoku yintoni emasiyenze ukuhlonipha yona? Yintoni wena nam esimele ukuyenza?

80 Ngoku, sithi, "Kuhle, ndi—ndiyayithakazelela lanto. Ilunge kakhulu." Kodwa kufuneka siyamkele. Kwaye ukuyamkela, kukwamkela Umntu Anguye, uKristu entliziyweni yethu.

81 Ngoko, sikhululekile esonweni, ngokoke akukho mixokelelwane yesono ejinga kuthi, kwaphela. UThixo, njengokungathi asizange sona, iDini eligqibeleleyo lasenza sagqibelela. Ngoba, uYesu wathi, "Yibani ngabagqibeleleyo ngoko, njengokuba uBawo wenu oseZulwini egqibelele." Ngokoke, akusekho kumelwe kwenziwe, kodwa senziwa sigqibelele eBukhoneni bukaThixo.

82 Ngoku, nako apho siphulukana nendawo yethu. Ukuba asiqapheli, sizama ukujonga emva kwinto esasiyiyo. Kwaye lonke ixesha sijonga emva kwinto esasiyiyo, iDini alithethi nto kuthi. Owu, aniyiboni, bandla? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Andina . . . andinakuwuzama umsebenzi. Andinakho, kwaye nawe awunako. Akukho sidingo sokuba sizame. Wahlulekile, into yokuqala, lonke ixesha ujonga kwinto oyenzileyo. Kodwa musa ukujonga kwinto oyenzileyo.

83 Jonga into lamini eKhalvari eyakwenza yona. Yahlawula ixabiso lakho. Yawuphelisa umbuzo. "Izono zakho zinjengengubo ebomvu; zimhlophe njengekhephu. Zayingqombela okwebala elibomvu; mhlophe njengoboya begusha." Ngokoke awunasono. Ungongena sono ngokugqibelelyo. Nokuba yintoni oyenzileyo, okanye yintoni oyenzayo, awukabi nasono nangoko. Lonke ixesha wamnkele uYesu Kristu njengoMsindisi wakho, izono zakho zixolelwe. Yonke into *exolelweyo* "icinyiwe kwalityalwa ngayo."

84 Ngokoke yenza ntoni? Ikunika, emva kweso simo, uMoya waKhe, ukuze uMlandele, kwaye wenze njengoko Wenzayo, ukwenzela abanye abalandelayo ngokunjalo. Waye enguMntu nje omnye, uMntu ogqibeleleyo. Wanikela ngobomi baKhe, waze Wenzela wena umzekelo. Ngoku yintoni esimele ukuyenza?

85 Ngoku, into yokuqala endifuna ukuyitsho, kukuba, uYesu zange aphilele isiqu saKhe. Ubomi baKhe bachithelwa abanye. Oko, ngokugqibeleleyo, buBomi obunguNaphakade. Xa usithi uya enkonzweni, kwaye wenza izinto ezilungileyo, kulungile oko. Kodwa xa uphilela ubomi bakho isiqu sakho, awunabo uBomi obunguNaphakade. Ubomi obunguNaphakade, kukuphilela abanye. Kwayibonakalisa lonto xa Kweza kwiMvana kaThixo. Waphila, kwaye enoBomi obunguNaphakade, ngenxa yokuba Akazange aphilele isiqu saKhe. Waphilela abanye. Kwaye wamnkela uBomi obunguNaphakade, ngokwamnkela lamini, kwaye akusaphileli isiqu sakho. Uphilela abanye.

86 Ubani wathi, “Uyinyamezela njani, uvumele nabani akubize anjalo ukuba mabi amagama?” Awuphileli isiqu sakho. Uphilela abanye, ukuze ube nokumhlangula lamntu. Niba ngoonyana. Kwaye ingxaki yayo yile, ibandla lilibele ukuba lingoonyana. Ungunyana. Uthatha indawo kaKristu. Ungunyana, ke musa ukuphilela isiqu sakho. Philela abanye.

87 “Kuhle, Mzalwane uBranham, ndingamphilela *lo* umzalwane, ngenxa yokuba ngokuqinisekileyo uyindoda ethandekayo.” Asiyiyo leyo.

88 Philela landoda ikuthiyileyo. Philela lamntu unokukubulala xa enokuba nako. Nantso into abayenzayo kuYe. BaMbulala, waze Wafa, ukuze Abe nokubasindisa. BuBomi obunguNaphakade obo. Xa, wena, oko kusesifubeni sakho, ubheke eZulwini ke ngoko. Kodwa unikela ngezinto zakho, uzincame, njengegusha inikela uboya bayo. Ukhangele phambili, usinga eKhalvari.

89 Ndiyathemba oku kuyaninceda nifike kwindawo. Yilonto umnquba, yilonto bonke abantu, kufuneka beyenzile, kukufumanisa ukuba uyintoni, kwaye yintoni injongo. Ibandla, ayikokuya enkonzweni nje ukuba kudlalwe umculo, kuhlatyelwe iingoma. Ibandla yindawo apho ukulungiswa. “Umgwebo uqala endlini kaThixo.”

90 “Kufanele sizibalele ekubeni singabafileyo, kwaye siphila kuKristu.” Ngoko ke, Wenza indlela yokuba sibe nako ukuzincamela kwinkonzo yaKhe, ukulandela Yena. Ukuba silandela Yena, siphila ubomi Awabuphilayo. Oko kuyamangalisa.

91 UYesu wathi, kwaye wathetha ngayo. Mandininike nje izicatshulwa ezimbalwa kuyo. Mamelani kufutshane. Ningayiphosi. UYesu wathi, ngayo laMini Uyakubahlula abantu, njengeegusha neebhokwe. Kwaye Uyakuthi kwiibhokwe, “Yimani kwicala lasekhohlo.” Ze kwiigusha, “Yimani kwicala lasekunene.”

92 Waze wathi kwiibhokwe, “Yimkani kuM. Ngokuba, Ndandilambile, kwaye anaNdondla. Ndandisentolongweni, naze anaNdivelela. Ndandize, anaNdambesa. Ndandinxaniwe, anaNdinika siselo. Ndandigula, anaNdivelela. Ke, yimkani kuM.”

93 Ze kwiigusha, Wathi, “Ndandilambile, naNdondla. Ndandize, naNdambesa. Ndandigula, naNdilungiselela.”

94 Kwaye qaphela. Musa ukusilela ukukufumana oku, bandla. Kugcine oku entliziyweni yakho, ngonaphakade. Yayenziwe ingqondo ingacinganga kangako! Abantu abayenzi kuba besemsebenzini. Indoda ekunika into engenye, ngokuba kumele iyenze, indoda ekondla ngokuba kumele ikwenze, inembono yokwenzela okukokwayo. Imele ibe bobona bomi bakho, ezona zenzo zakho.

95 Yayingalindelekanga kangako kwezi gusha, zade zathi, "Nkosi, Ubulambe nini na? Saze sangaKondli . . . Ubulambe nini na, saze saKondla? Ubuze nini na, saze saKwambesa? Ubunxanwe nini na, saze saKuseza? Ubugula nini na, saze saKulungiselela?"

96 Ibizenzekela kangako ngokuphuma kuthando, nje uBomi Bakho bukubo. Thixo, vumela abantu babone ukuba iKhalvari yasenzela ntoni, ngokuzenzekela kangako.

"Bekunini Wena, Nkosi? Khange sazi."

97 Jonga uYesu waguquka wathini, "Ekubeni nenze njalo kwaba, nenze njalo kuM."

98 Ubomi bokungafuni okukokwakho; hayi ingcinga yesibini. Hayi ucinge ngayo; kodwa ufe kangako kwizinto zeli hlabathi, kwaye uphila kangako kuKristu, kwaye uhamba kangako kumendo, zithi ezi zinto zibe yinto ezenzekelayo. Uyayenza nje. Hayi uthi, "Kuhle, ngoku, iNkosi iyakuthi, Nkosi, ifuna ndenze lanto." Asiyiyo lonto. Uyinxalenye yaKhe nje. Umoya waKhe ukuwe, kwaye wenza ngale ndlela Weyesenza ngayo. Ah! Yifumane.

99 "Kukho indlela ekhangeleka ilungile emntwini, kodwa isiphelo sayo yindlela yokufa."

100 "Hayi bonke abathi, 'Nkosi, Nkosi' bayakungena, kodwa abenza intando kaBawo waM," nje ngokuphuma ezintliziyweni zabo, nje ngesisa.

101 Ngoku, lamini eKhalvari yahlawula ela xabiso, ukuze sibe yilondlela.

102 Hayi uthi, "Uyazi, umhlolokazi uJones ngelinye ilixa waye . . . Wayephelelwe ngamalahle, ndaze ndaya kumthengela amalahle. Ndiyakuxelela, ndibone umzalwane odinga isuti yeempahla, ndaze ndaya kumfunela isuti yeempahla. Makasikelelwe uThixo! NdinguMkristu." Owu, bethu! Wena ungofuna okukokwakho, olihlwempu, udwayinge lomntu. Ungumhanahanisi.

103 "Musa ukuvumela isandla sokunene sazi okwenziwa sisandla sasekhohlo, nesandla sekhohlo sazi okwenziwa sisandla sokunene." Nje ngokuzenzekela kangako ukufa kuKristu, de uyenze, nakanjani na. Yindalo yakho. Kukwakheka kwakho. Uyayenza, nakanjani na. BuBomi nje obuphila kuwe. Uzinikele ngokupheleleyo kulaMoya, kwaye UyaZiphila nje kuwe. Ow, uyawuva laMoya usikelelekileyo, obuya Bomi! "Asindim ophilayo," watsho uPawulos, "kodwa uKristu uphila kum," nje ngokuzenzekela kangako.

104 "Kuhle, ndiyakuxelela, Mzalwane uBranham, singaMakristu apha. Sinceda *aba* bantu. Sinceda *abaya* abantu." Owu, bethu! Intloni kuwe. Asibubo uBukristu obo.

105 UBukristu nje ngokuzenzekela buyayenza. Imele yenziwe. Kwaye uyalibala nje malunga, konke malunga, "Andingekhe." Hamba, uyenze.

106 UKristu wanikezela nje ngokupheleleyo ngoBomi baKhe kuThixo. WaZinikela, njengesicaka soluntu lonke, ebantwini. Wanikela uBomi baKhe, ngesisa. Kwakungekho mfuneko yokuba ayenze. Zange ayenze engafuni. Zange athi, "Ngoku, bazalwane, nimelwe nonke nicinge kakhulu ngaM, ngokuba Ndize kunifela." Akazange athethe nelizwi malunga nayo. Wafa, nakanjani, ngokuba yayinguThixo kuYe.

107 NguThixo kuwe, nguThixo kum, oko kwenza sijonge kwabanye. Iigusha, kwicala elinye.

108 Omnye wabo uyakuthi, "Kuhle, Nkosi, ndenze *oku*. Kwaye, Nkosi, ndenze *okuya*."

109 Wathi, "Yimkani kuM, nina benzi bokungalungisi. Andizange ndinazi nokunazi."

110 Ukuba ibandla lingakhe lize kwezo nyani zeziseko, ukuba akusiyonto uzama ukuyenza, ozenzayo ukuba uyenze. Yinto ezelweyo kuwe.

111 Ndixolele, sihlobo sam seZakwamoya. Ndingowakwamoya. Kodwa izihlobo zam Zakwamoya zifike kwindawo, apho kufuneka ibe ngo—ngomninzi umculo okhawulezayo, ukubethwa kwezixhobo zomculo ezithile, okanye ukuqhwaba izandla, okanye itamborine, ukuzisa ukukhwaza. Oko yimizwa kuphela. Badlala izixhobo zomculo phambi kokuba baye edabini. Bangenise abantu kwimizwa yodabi. Ndiyakholwa kumculo. Ndiyakholwa kukuqhwaba izandla. Kodwa ndiyakholwa kwezi zinto. Oko kuyinyaniso kanye. Simelwe kuba nako okuya.

112 Kodwa nishiye izinto ezinkulu zingenziwanga, bobuya bomi bokuzinikela okwedini ukuba uThixo uphila kuwe, ngokuzenzekela usenza oko kulungileyo ngokuba kulungile. Uqhubeka nje, ungacingi nanto malunga nako. Uyiphila nje. Ke ngoko bukela, uyabona oku kwenzekayo. Uya nje . . . awu . . . Ukumendo. Yilonto iKhalvari eyathetha yona kuwe, kumendo, owavulelwa wena ngalamini.

113 Ngoku, ngoku khumbula, awunakuba yibhokhwe kwelinye icala ube yigusha kwelinye icala. Azinakuxubana.

114 Ngoku, kukho abantu abaninzi bathi, "Ewe, uyazi yintoni? Sinombutho kwelethu iqela. Si, sinceda amahlwempu. Senza *oku*." Oko kulunge konke, kodwa uzibethela elakho ixilongo malunga nako. Awuyenzi lonto.

115 "Wenze emfihlakalweni amalizo akho," uYesu watsho. Nje ngokuzenzekela, into ethile kuwe, ayingaphezu kokuba usiya, kuzifumanela amanzi. Unxaniwe. Ukuba indoda elandelayo inxaniwe, ucinga ngayo, nayo. Isidingo somntu olandelayo,

ucinga ngaye ngendlela enye ubuya kucinga ngesakho isidingo. Ze ungayithatheli ngqalelo lonto. Uphile nje uqhubeke.

Ngoku, awunakuba yigusha icala ube yibhokhwe icala.

116 Ke ukuba uthi, "Kuhle, elethu ibandla linombutho. Sinikela kumahlwempu, kwaye senza *oku*, no*kuya*, kwaye senza no*kunye*."

117 Ukuba unoko ngaphandle kokuya, uBomi bukaKristu kuwe, ukwenzela nje ngokupheleleyo ilize. UYesu . . . uPawulos wathi, Awokuqala AmaKorinte 13, "Ngingafanelana ndinikela ngezinto zam ukondla amahlwempu, nomzimba wam utshiswe njengedini, akundincedi lutho."

118 Ngoku, oku kulukhuni, kodwa kuyiNyaniso. Kufuneka uze kulonyani, uqonde into iKhalvari eyakwenzela yona. Siyayijonga, ze sithi, "Owu, ewe, okuya kulungile." Asiyiyo lonto. Ukuba laNyana kaThixo kwafuneka aye eKhalvari, ukuya kubethelelwa emnqamlezweni, wonke unyana ozayo umelwe aye kwiKhalvari. Kumele naye abe neKhalvari. Umelwe ube nayo lamini eKhalvari. Ndimelwe ndibe nayo lamini yeKhalvari. Oko kuphelisa umbuzo wesono. Hayi ubambe izandla nomshumayeli; hayi ubanjwe isandla ungeniswe ebandleni; hayi ungene ngencwadi ebhaliweyo; hayi ungene ngesivumo. Kodwa ungene ngoZalo. Zange anike ncwadi ibhaliweyo. Zange anike sivumo. Wanika uZalo. Leyo yindlela esithi singene ngayo. Ngoko, ukusuka apho, ngokuzenzekela siphila ubomi bempilo yobuKristu.

119 Ngoku, enye intetha. Icala ibhokhwe, icala igusha, abanayo into enjalo. Uyibhokhwe okanye igusha. Awulocala ibhokhwe necala igusha. Uyibhokhwe okanye igusha.

120 Ngoku, ukuba nje wenza izinto ezilungileyo, ze ucinge ungangena, ngako oko, ke bekungayi kubakho imini yeKhalvari. Umthetho wabonelela ngoko. Kodwa, kuba yathabatha imini yeKhalvari, yayizakungenisa okuya, ukuze singabi ngamalungu nje ebandla, kodwa sibe ngoonyana neentombi zikaThixo. Nantso into imini yaseKhalvari eyayi yiyo. Nantso into eyayithethayo kuwe, ukuze ube nokwenza, ulandele, wenze njengoYesu.

121 Ngoku, umlambo awunyuki usihla, ngexesha elinye. Umlambo kuphela ubalekela kwicala elinye. Kwaye noMoya kaThixo nje ubalekela kwicala elinye. Awuxubanisi izinto naWo. Ubaleka ngendlela enye.

122 Jonga uYesu, xa sivala. UYesu wathi, "Imisebenzi eNdiyenzayo niyakuyenza nani, nengaphezulu kunale niya kuyenza, ngokuba ndisiya kuBawo waM."

123 Andikuthethi oku kakhulu kwibandla apha. Niyaqonda. Kodwa leMiyalezo ishicilelwe. Amashumi amawaka ayayiva, ehlabathini jikelele.

124 Ndiza kuwuphendula lambuzo womgxeki, kanye ngoku. Amatyeli amaninzi ndithiwe . . . xelelwe. Bathi, "Kutheni, ukholwa iBhayibhile? UYesu wathi, 'Lemisebenzi Ndiyenzayo niyakuyenza nani, nengaphezulu kunale niyakuyenza, ngoba Ndiya kuBawo waM.'"

125 Ungaba ngombi kangakanani, mhlekazi? Ungabhadula kangakanani ukumnka kucalulo, nezengqondo zenu izifundo zakwalizwi, nezokuqikelela kwengqondo yakho kwayo nantoni na? Sihlobo sam sobabalo esilahlekileyo, akuyiqondi ukuba leBhayibhile itolikwa ngokomoya?

126 UYesu wabulela uBawo ukuba eYifihlile kwizifundiswa, nabakrelekrele, izilumko, neengqondi, ze aYityhile kwiintsana ezinokuza eKhalvari.

127 Ngoku jonga. UYesu wathi. Jonga Wayibeka njani. "Imisebenzi eNdiyenzayo," Uyayenza kanye ngoku. "Imisebenzi eNdiyenzayo ngoku, ukuphilisa abagulayo, ukuvusa abafileyo, ukuvula amehlo emfama, lemisebenzi niyakuyenza nani. Niyakuyenza lena ukuba niyakholwa kuM. Uyayenza lemisebenzi. Kwaye ke nengaphezulu kunale niyakuyenza, ngoba Ndiya kuBawo waM."

128 "Ixeshana, ze ihlabathi lingaNdiboni kwakho, nangona nina niya kuNdibona. Ndiyakuba nani, nakuni, ukuya ekupheleni kwehlabathi. Andiyi kunishiya nedwa. Ndiyakuthandaza uBawo; Uyakunithumela omnye uMthetheleli, onguMoya oyiNgcwele, elingenako ukumamkela ihlabathi; nangona, nina ningaMamkela."

129 Ngoku qaphela. "Emikhulu kunale" imisebenzi, yayikukuba naMandla eBandleni, hayi kuphela ukuphilisa abagulayo ngomthandazo, ukukhupha iidimoni ngomthandazo, kodwa ukudlulisa uBomi obunguNaphakade kumakholwa. UMoya oyiNgcwele ubusiza, waze wanikelwa ezandleni zeBandla, ukudlulisa uBomi. Owu! Nantso into iKhalvari eyayithethayo. Yathatha abasezantsi, abajongeleka-phantsi amadoda nabafazi, yabaphakamisela kwindawo, babe ngoonyana neentombi zikaThixo, ukuphilisa abagulayo nokudlulisa uBomi ubunguNaphakade; ngokunika oMoya oyiNgcwele kumakholwa athobelayo, amadoda ayekade engakholwa, enziwe amakholwa, kudluliswe okomoya, uBomi obunguNaphakade. Iyenkulu kangakanani, ukuthi . . .

130 Lo mfazi ogulayo olele apha, ndingathandaza umthandazo wokholo aphiliswe. Yinto enkulu leyo. Nantso into Aweye yenza ngokuya.

131 "Kodwa," wathi, "nemikhulu kunale niyakuyenza. Ndizakuninika aMandla, hayi kuphela ukuba nimphakamise okwethutyana, kodwa ukumnika uBomi obunguNaphakade, obuya kuba nguNaphakade, naphakade." Bantu bangamahlwempu, bazimfama, baludwayinge, niyiphosa njani

lonto? Aniboni ukuba "eyona inkulu" into yeyiphi? Yeyona nto inkulu ingenzeka, yayikukudlulisa uBomi obunguNaphakade ebantwini. Yintoni uBomi obunguNaphakade? UBomi Awabuphilayo, uBomi obabukuYe, dlulisa Oko kwabanye. Angayenza na umntu lonto? Unyana kaThixo angayenza.

132 UYesu wathi, "Izono zalowo nizixolelayo, uyakuzixolelwa; izono zalowo nizibambayo, ziyakubanjwa kuye."

133 Ngoku naku apho ibandla laMakatolika namanye amaninzi enza khona impazamo yawo enkulu. Bayaphuma bathi, "Ndiyazixolela izono zakho." Yayingeyiyo lonto.

134 Babekwenza njani ukuxolela izono, eBhayibhileni? UPetros wawuphendula lambuzo, ngomhla wePentekoste. Bathi, "Singenza ntoni ukuze sisindiswe? Singakufumana njani Oku nikufumeneyo nonke?" Wawubeka phantsi umgqaliselo. Wabaxelela into amabayenze.

135 Wathi, "Guqukani, nonke ngabanye, nibhekise kuThixo, nize nibhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu." Ukwenzela ntoni? Ukuxolelwa kesono senu. Nantso "emikhulu" imisebenzi.

136 Bangaphi, nina bashumayeli kule ntsasa, bangaphi, nina nimamele iLizwi lam kwikhasethi lesishicileli-mazwi, abazimisele ukuya eKhalvari kule ntsasa? Nize nijonge ukuba yintoni uThixo anenzele yona phaya. Nize nishiye imigaqo yamahlelo enu, nishumayele iVangeli. Halleluya! Iphezu kwenu ngoku. Nizakwenza ntoni ngaYo?

137 "Ngoba inguquko noxolelo lwezono kumele zishumayelwe eGameni laKhe, kwihlabathi lonke, kuqalelwe eYerusalem." Halleluya! Uzuko! Nako ke.

138 Ithetha ntoni iKhalvari kuwe? Yakwenza ntoni lamini wena? Ingaba yakuhlohla, ngemfundo yezakwalizwi? Ingaba yakwenza waba ngokhukhumeleyo? Okanye yakwenza umKristu, othengise konke? Halleluya!

139 Isono, sixolelwe! "Emikhulu imisebenzi kunale niyakuyenza." Uyabona ukuba oo "ni" ngobani, akunjalo? "Emikhulu imisebenzi kunale," ukuxolela izono, eGameni likaYesu Kristu.

140 Kodwa ngemigaqo namahlelo, neento ezinjalo, inibophelele phantsi kwindawo, nisakhonza ihlabathi. Ndixelele nayiphi na indoda, ndixelele nawuphi na umfazi, angeza eKhalvari aze azame ukuba ngumntu othile omkhulu ngenxa yokuba umntu othile uthethe into ethile. Ndixelele apho ungajonga ebusweni beKhalvari, kukukhanya kwayo okuchanekileyo, lamini eKhalvari. Unganayo njani imini yakho eKhalvari, uze uphume ungokhukhumeleyo? Ungaphuma njani ungunopopi wombutho othile, uze ushumayele iimfundiso ezenziwe-ngumntu? Kutheni ingakwenzi uthobeke eLizwini likaThixo? Ukuba ungakhe uye phaya, uyakuphuma uthobekile. Ungathini

ukufuna ukuba yinto ethile enkulu embuthweni wakho, ube nosiba emnqwazini wakho, xa uYesu Kristu uNyana kaThixo Wazithobela kumzimba oxatyelweyo, kubuso obutshicelweyo, kwade kwaba zintloni nehlazo? Kwaye bazihluba iimpahla zaKhe, baMbethelela emnqamlezweni, phambi kwehlabathi. "Elidelile ihlazo." Ungaya njani eKhalvari uphume uyinto eyahlukileyo kuleyo Wayeyiyo, ihlazo, iintloni?

"Owu," uthi, "bayakundikhabela ngaphandle." Bayeke bakhabe.

141 Yiba nemini yakho eKhalvari, uThixo uyakuba nendlela yaKhe ngawe. Mandikucaphule oko kwakhona. Yiba nemini yakho eKhalvari, uThixo uyakuba nendlela yaKhe ngawe.

Masithandazeni.

142 Nkosi, Owu Thixo, sithathe sonke usinyusele eKhalvari kanye ngoku. Masisuke kubuthina, Nkosi, uloyiko lwabantu, uloyiko lento umntu ongomnye azakuyithetha. Ngoba, ihlabathi lonke laMhleka, lenza into yokuhlekisa ngaYe. Kodwa Wathobela, ekufeni. Wathobela, kwihlazo. Wathobela, nkqu naphantsi korhulumente wezwe lonke.

143 Kwaye siyaqonda ukuba xa uSathana wakhahleleka kulomhlaba, waba ngumlawuli negunya kulomhlaba. Wangqina lonto inye phambi kweNkosi yethu, waze wathi, "Ezi zikumkani zezam. Ndiyakwenza ngazo oko ndikuthandayo." Kwaye siyaqonda ukuba, ukusukela kula mini ukuza kule, eli hlabathi, phantsi kwesiqalekiso, belilawulwa ngulo uliqalekisileyo.

Kodwa, Thixo, owu Thixo, sikhonza uBukumkani obungaqalekiswanga.

144 Bawo, Thixo, indlela ekumangalisa ngayo, ukuba Wenze izinto ezinkulu kwi—kwihlabathi lemifanekiso bhanyabhanya namhlanje. Uvumela lemifanekiso bhanyabhanya mikhulu, inje *ngeMithetho Elishumi,* nezinjalo, ziphume, ukwenzela amadoda nabafazi babone, abebengayi kuma nesemnyangweni wenkonzo, kodwa ubenze babone into eyiyo. Indlela kaThixo yindlela eyaliweyo, lihlabathi. Ngenxa yokuba sinje. . . Singena eRussia phantsi kobukomanisi.

145 Sikweli hlabathi, kodwa asingabo abeli hlabathi. Siyile eKhalvari. Sizibethelele emnqamlezweni iziqu zethu, sisenzela uBukumkani bukaThixo, sibe ngabanye baKhe. Nokuba lithini ihlabathi, sithabatha indlela nabambalwa beNkosi abadeliweyo. Siqhubela phambili kuvuko, kwaye siyakholwa ukuba sele likufuphi, Nkosi, side sithi xa sivuselwa kuBukumkani obuya kuthatha ulawulo lweli hlabathi. Njengoko uDaniyeli walibonayo kwangaphambili, laze lalophula lonke ihlabathi, laba ngumququ, waza umoya wawuvuthela wesuka esandeni sehlobo. Kodwa, intaba, iLityе lakhulela ekubeni yintaba enkulu egqume ihlabathi. Ela Litye liza kuza. Owu Thixo, sifuna ukuba yinxalenye yalo. Masizikhanyele thina, sithathe umnqamlezo

wethu yonke imihla, siphilele uKristu, siphilele abanye. Sinike oko, Nkosi.

146 Kungakho abathile apha kusasa nje, kwaye abangaMaziyo njengoMsindisi, kwaye abangathanda ukukhunjulwa kumthandazo wokuvala, kwaye abangathanda le ibe yimini yabo eKhalvari, ningaphakamisa izandla zenu, nithi, "Ndithandazele, Mzalwane uBranham. Ndifuna ukuMazi njengoMsindisi wam." UThixo akusikelele, mfo osemtsha. Umntu othile ongomnye? UThixo akusikelele, mzalwane wam emva phaya.

147 Kungakho umntu othile ongomnye? Othi, "Ndifuna ukuMazi. Ndifuna le ibe yimini eKhalvari, ukwenzela mna. Ndanele. Kunceda ntoni ukuba ndibe ndidlalisa apha kanye ngalento endazalelwa ukuyenza? Ndazalwa, zalelwa ukuba ngunyana kaThixo, kwaye naku ndibambelele kwizinto zehlabathi. Thixo, ndivumele ndibethelelwe emnqamlezweni namhlanje. Ndivumele ndibethelele emnqamlezweni, namhlanje, isiqu sam neembono zam, ukuze ndibe ndingaphila noKristu, kwaye ndiphilele abanye. Nokuba benza ntoni kum, ukwenza into yokuhlekisa ngam, kwaye banditshutshise, baze bathethe bonke ububi chaseneyo nam, nezinto, ndivumele ndihambele nje ngokuthobekileyo, kwaye ndinobulali, njengemvana, njengoko Wenzayo. Kwaye ngamini ithile, Uthembise ukundivusa kwakho, ngoMhla wokugqibela. Ndikhangela laMini." Kungakho ezongezelekileyo izandla eziphakamayo? UThixo akusikelele emva phaya, nawe. Konke kulungile. Ezinye nje . . . uThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Ezinye ezongezelekileyo, ukuze phambi kokuba sithandaze.

148 Bawo wethu oseMazulwini, kwathiwa, xa uPetros washumayelayo ngoMhla wePentekoste, "Bonke ababekholwa bongezelelwa eBandleni." Bakholwa ngokunyaniseka ngeentliziyo zabo zonke. Aba bantu basandula ukuphakamisa isandla sabo, ndiyakholwa ukuba bakholwe ngentliziyo yabo yonke. Kwaye ukuba benze njalo, kukho iqula lamanzi alinde apha. Bafuna ezo zono zixolelwe. Kukho umntu apha ongababhaptiza kwelaGama, kwaye ukuphela kweGama elikhoyo phantsi kweZulu elinikwe abantu, ukuze sisindiswe.

149 Kuba, njengokuba ndicaphule iSibhalo kwimizuzwana edlulileyo, ukuba, "Inguquko noxolelo lwezono kumele zishumayelwe eGameni laKhe, kulo lonke ihlabathi, kuqalelwa eYerusalem." Kwaye eYerusalem, xa kwashumayelwayo inguquko noxolelo lwezono, umpostile wabaxelela ngeZibhalo, waze wathi maba "guquke, kuqala, baze babhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu." Yayingumsebenzi womshumayeli lowo ukuwenza. Ukuze bona baguquke, aze yena ababhaptizele ukuxolelwa kwezono zabo. "Ezalowo izono nizixolelayo, uyakuzixolelwa; ezalowo izono nizibambayo, kuye zibanjiwe."

150 Bawo, lenze njani ihlabathi ukuphumela kumbono ombi njengokuba lenzile? Kutheni kungakholwa iVangeli elula? Baze bangenise, ukwenzela oko, ukuthatha indawo yokunye: amagama obuxoki, ubhaptizo lobuxoki, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele lobuxoki, ukubamba izandla nabalungiseleli, ukusebenzisa izihlonipho zikaYise, Nyana, Moya oyiNgcwele, okungazange kube seZibhalweni; umqulu owenziwa ngamadoda angamaRoma, ingeyiyo imfundiso yobuKristu nandawoni na eBhayibhileni. Ukuxolelwa kwezono akunakuxolelwa ngezihlonipho, kodwa eGameni likaYesu Kristu.

151 Ngoku, Bawo, siyazi ukuba ayidumanga. Iindlela Zakho zaba soloko ziyilo ndlela. Kodwa vumela amadoda nabafazi, kusasa nje, beze kula mini, lamini eKhalvari. Apho, uYesu, edela lamini, elahlazo, lokuhlutywa iimpahla, lokuxatyelwa abe ziziqwenga, lokutshicelwa, enziwe into yokuhlekisa; lihlabathi lonke, libandla, ngabantu ekwakumele baMthande. Kwaye, ke, kuko konke oko, Akawuvula umlomo waKhe, waya wayakufela abo bantu babesenza into yokuhlekisa ngaYe.

152 Thixo, sithathe usise eKhalvari kule ntsasa. Kwaye ukuba bathi siphambene, bathi sizifumene phosakeleyo iZibhalo, nokuba yintoni abafuna ukuyithetha, Thixo, abanakuma eBukhweni bukaThixo bathi kuphosakele.

Abanakuzigquma izono zabo ngeBhayibhile. IBhayibhile iyazityhila izono zabo: ukungakholwa kwabo; besenzela ukuduma; benze njengesihlwele sonke. Bavumele baze eKhalvari kule ntsasa.

153 "Kwaye qala eYerusalem; ukuba inguquko noxolelo lwezono mazishumayelwe eGameni laKhe kuzo zonke izizwe, kuqalelwa eYerusalem."

Bavumele bathathe elanyathelo linye libethelelwe emnqamlezweni lokuxatyelwa; batshicelwe; kwenziwe into yokuhlekisa ngabo; kwaye babizwe ngayo yonke into abangabizwa ngayo kumgca weendlavini zenkolo; abachithi bamabandla; konke abafuna ukukubiza.

Singa, Nkosi, kule ntsasa, singathabatha indlela yethu nabeNkosi abadeliweyo abambalwa. Singa singahamba njengoko abapostile benzayo, bengajikeli ekunene okanye ekhohlo, kwaye ngokusuka ekulungeni kweentliziyo zethu sikhonze uThixo. Sinike oko, Bawo.

154 Ngoku, philisa abagulayo nabaxhwalekileyo abaza emgceni wokuthandazelwa. Banga bangathi aba baphakamisa izandla zabo, ezintliziyweni zabo, baguquke, kanye ngoku. Banga bangathi aba bamele kude ixesha elide kangaka, ngokukhawuleza baze emanzini bafumane izono zabo zixolelwe eGameni leDini, uYesu Kristu, uNyana kaThixo. Amen.

Ezantsi emnqamlezweni apho uMsindisi wam wafayo,
Ezantsi apho ndakhalela ukuhlanjwa esonweni;
Apho kweyam intliziyo iGazi lafakwa;
Uzuko kwelaKhe . . .

Uzuko kwelaKhe iGama!
Owu, uzuko kwelaKhe iGama!
Owu, apho kweyam intliziyo iGazi lafakwa;
Uzuko kwelaKhe iGama!

Ndisindiswe ngokumangalisayo esonweni, (Njani?)
UYesu ngokumnandi uhleli ngaphakathi,
Phaya emnqamlezweni apho Wandi . . . (Yiba ngomnye wabaKhe.) phakathi;
Ow, uzuko kwelaKhe iGama!

Uzuko kwelaKhe iGama!
Uzuko kwelaKhe iGama! (Elinqabileyo iGama.)
Ow, apho . . . entliziyweni iGazi lafakwa;
Uzuko kwelaKhe . . .

155 Akwenzi okuthile oko kuwe? Iyakucoca nje ngokuphandle. Ibeke ithemba ngaphakathi kuwe: Ubomi, uBomi ubunguNaphakade.

156 Yintoni "ukubethelelwa noKristu"? Kukuphilela abanye. Abanjani abanye? Abo bakucaphukelayo, abo bangekhe bakuthande, abo bangenza into yokuhlekisa ngawe: uphilele bona; ube nabo; ubathande; "bathandazeleni abo banigxekayo, bathethe bonke ububi ngani bexoka, ngenxa yeGama laM. Babatshutshisa abaprofeti ababephambi kwenu."

157 Bendicinga ukuba umyalezo uyakuba nako ukulinceda ibandla kule ntsasa, ukuba niyakubona ukuba sidinga iKhalvari, sidinga ukubethelelwa emnqamlezweni.

158 Ngoku yintoni yonke eyenzileyo? Kuhlawulelwe konke. Dade ukwisitulo samavili, kubantu apha abagulayo nabaxhwalekileyo: Konke kuhlawulelwe; ukuphela kwento ekufuneka uyenzile kukukholwa ukuba yeyakho; yamkele ngendlela enye, kwaye uyakuphiliswa.

159 Khumbula: Ngoku yintoni? Ungaya ehlabathini, ushumayele iVangeli, uphilise abagulayo; kwaye udlulise uBomi obunguNaphakade.

Kungakukhulu kangakanani: okwe, nantsi indoda ilele apha ine—ine tumor, umhlaza, nokuba yintoni na. (SiMbonile amatyeli amaninzi edlulisa iintsikelelo zaKhe aphilise indoda, aphilise umfazi; amashumi amawaka aphindwe ngamawaka eemeko ezingena kuphikwa ehlabathini jikelele, uyabona,

ebasusa emakhukhweni, kwibhedi zabagulayo; izithunzi zabantu abadliwe ngumhlaza; namhlanje, bangabalungileyo, abasempilweni abantu.) "Le misebenzi Ndiyenzayo niyakuyenza nani; kodwa emikhulu kunale niyakuyenza": "engaphezulu kunale," yiyo echanekileyo.

Yintoni? Ndibanike ukongezelelwa kobomi, eGameni likaYesu, ukubongeza ubomi babo iintsuku ezimbalwa.

Kodwa, "Engaphezulu kunale niyakuyenza: niyakubanika uBomi obunguNaphakade ngalo iGama laM." Yuh!

160 Kutheni unganentloni ngeliya linqabileyo iGama? Kutheni abantu belilandula balinikele umva besimka kulo? Ngumtyholi. Ngokuqinisekileyo.

161 "Inguquko noxolelo lwesono kumele zishumayelwe eGameni laKhe kulo lonke ihlabathi, kuqalwe eYerusalem." Nako apho uMyalezo waphuma khona kuqala. Ingaba kunjalo? "Inguquko noxolelo lwesono zishumayelwe eGameni laKhe, kuqalwe eYerusalem."

162 Ngoku, kuqala, sizakwenza njengoko Wenzayo: sibe nomthandazo wokuphilisa abagulayo.

163 Okulandelayo, sizakuba nesikhulu isipho: Amanzi alungile, emva apha, ukwenzela nabani ofuna ukubhaptizwa (zikhona iingubo apha ngaphakathi zabafazi, iingubo apha ngaphakathi zamadoda), zimi zilungele nina ukuze nifumane izono zenu zixolelwe; ngenxa yokuba khumbula, ukuba unganokuxolelwa kwezono ngokwemfundiso yeBhayibhile. "Ngoba alikho elinye iGama phantsi kweZulu elinikiweyo ebantwini, ukuze nisindiswe."

164 UPawulos wahlangana nabanye ababesele bebhaptiziwe. Kwaye babememelela, benoloyiso. Wathi, "Nabhaptizelwa enini?"

Bathi, "KuYohane."

Wathi, "UYohane wayebhaptizela kwinguquko." Ngoku, kufumane oku: kwinguquko, hayi ukuxolelwa kwesono. Bangaphi abakuqondayo oko? Hayi ukuxolelwa kwesono. Babebhaptiziwe kuhle, kwinguquko. Babeguqukile: "Ewe, mhlekazi, ndiguqukile. Ndi, yakholwa Uyeza." Babebhaptiziwe *enguqukweni*; oko kukuthi, "ekukholweni kwiNkosi uYesu Kristu."

165 Ke bakukuva *oku* (ukuba iDini sele lafika), babhaptizwa kwakhona, eGameni likaYesu Kristu. Kwaze ke, kwadluliselwa kubo, xa wabeka izandla zakhe kubo, uMoya oyiNgcwele; baze bathetha ngeelwimi baprofeta.

166 Ngoku, uzakusitshintsha njani esiya siBhalo? Khawuke ubeke umnwe wakho kwindawo ibenye eBhayibhileni apho nabani na wakhe waxolelwa izono zabo, kwiTestamente eNtsha,

owakhe wabhaptizwa nangayiphi na indlela kungekulo iGama likaYesu Kristu.

167 Ndibonise indawo ibenye eBhayibhileni apho nawuphi na umntu wakhe wabhaptizwa eGameni loYise, Nyana, Moya oyiNgcwele. Okanye zisa etafileni yam imbali, imbali yebandla ebonisa apho nabani na owakha wabhaptizwa eGameni likaYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele, de kwaba ngamakhulu anento eminyaka emva kokufa kompostile wokugqibela, xa ibandla lamaKatolika laba ngumbutho.

168 Ngoku, ndinayo i*Pre-Nicene Fathers*, kwaye ne... bonke ababhali bembali, nento yonke, kanye kwigumbi lam lokufundela: eyona indala, ihloniphekileyo imbali ehlabathini; ukuphela kobungqina obungena kuphikiswa esinabo.

169 Funda i*Our Sunday Visitor*, okanye ikhathekism yebandla lamaKatolika, ubabukele, into abayithethayo: "Abanye bamaProtestanti mhlawumbi bayakusindiswa, ngenxa yokuba bayaqubuda kwimfundiso yobuKatolika: Ngoba iBhayibhile yabo ithi, 'bhaptizani eGameni likaYesu Kristu,' kodwa sithathe ukunyaniseka sakususa 'eGameni likaYesu,' sakubeka 'kuYise, Nyana, Moya oyiNgcwele,' kwaye nabo bayayivuma lonto."

Ngoku, ndibonise iSibhalo esichasene noko.

170 Kwaye nako ke. Kwaye ke, ihlabathi liqubuda kanye kuyo. Kutheni? Abazange baye eKhalvari. Yiyo leyo. Abazange babone.

171 Bayakwenza into yokuhlekisa ngawe bakubize... bayakude bakubize, "Umqengqeleki-ongcwele," "uYesu yedwa," nawo onke lomagama obaxo abanako. Yenza mahluko mni into abakubiza yona? Bathini...Ngaba Wakhathala yinto ababeMbiza yona? Wabethelelwa emnqamlezweni. Waphilela uThixo, uThixo kuphela. Kwaye ukuba laMoya mnye, wawukuYe, ukuwe, uyakukwenza wenze into enye: uthwele iGama laKhe. "Nantoni na enisukuba niyenza" (itsho iBhayibhile) "ngezwi okanye ngesenzo, kwenzeni konke eGameni likaYesu, nibonga uThixo."

172 Niyifumana phi leya yeziqu ezithathu, imfundiso yobuhedeni? Iphuma kwikhatekizim, hayi kwiBhayibhile. Igama "trinity" aliveli nokuvela kwiZibhalo zonke ukusukela kwiGenesis ukuya kwiSityhilelo. Ayikho into enjalo. Ayikho into enje ngothixo wetriniti. UnguThixo, uThixo yedwa, uThixo omnye. Waba soloko enguThixo omnye. Wasebenza ngee-ofisi ezintathu: Wasebenza ngelinye ilixa njengoBawo, phantsi kukaMoses. Wasebenza ngelinye ilixa enyameni, njengoNyana, uYesu. Usebenza ngoku njengoMoya oyiNgcwele. Kodwa nguThixo omnye. UThixo omnye, hayi onamagama amathathu. Ii-ofisi ezintathu, izihlonipho ezintathu kwiGama elinye: uYesu Kristu.

173 Nantoni eyahlukileyo bubuhedeni; kwaye ndiyacela ukuba ubani abonise oko, ukuba akunjalo. Kulungile. Ndikuthethe oko iminyaka ngeminyaka ngeminyaka, kwaye akukho bani ukhe wayithabatha, unangoku (Uyabona?), ngenxa yokuba ayinakuthatyathwa. Ndinayo i . . . nantsi iBhayibhile, kuqala; kwaye nantsiya nembali endala yokubonisa ukuba ichanekile ngqo. Kwaye kutheni umtyholi nje . . . ? Ndi . . . Kuhle, iBhayibhile ithe bayakuba ngola hlobo: "Bayakuza njani, ukuba andithanga Ndibatsale?" Kuphela nje konke endikwaziyo ngayo. Natso into uYesu awayithethayo, ngoko . . .

174 Andikuthethi oko ukuze ndibe . . . Ukuba ndithethe oko, kwaye ndishumayela intshumayelo enje ngale, bendiya kuba ngoyena uphantsi umhanahanisi phakathi kwenu. Kunjalo kanye. Ndikuthetha okuya ngenxa yokuba YiNyaniso kwaye BuBomi. Bonke abo babhaptizelwe kuKristu, bayamembatha uKristu. BanoBomi, ngeGama laKhe.

175 Sithandaza eGameni laKhe, sifuna eGameni laKhe, sishumayela eGameni laKhe, sibhaptiza eGameni laKhe, siphila eGameni laKhe, sifa eGameni laKhe, siye eZulwini eGameni laKhe, sivuke ekufeni eGameni laKhe. "Lonke usapho eZulwini libizwa ngoYesu." IBhayibhile yatsho njalo: "Lonke usapho emhlabeni libizwe ngoYesu." Wathi, "Ndize ngelowaM . . . "

Uthi, "Kuhle, liGama likaBawo."

UBawo asilogama, sisihlonipho. Wathi, "Ndize eGameni likaBawo waM, naza anaNdamkela." Ngoku, leliphi iGama Aze ngalo? Uh-huh. Ngokuqinisekileyo, " . . . naza anaNdamkela."

176 Ngoko nako ke; yinto nje, ehe, ifihliwe emehlweni ezilumko neengqondi. Ngenene, ngenene injalo, uh-huh.

177 Kwaye ngaphaya kwiSityhilelo, njengokuba sifundisile ngenye imini: kukho eliya lidala ibandla elilihenyukazi, elingumbutho wokuqala; laze ke laba negquba leentombi ezizalwe ziphuma kulo. Zenza into enye, umkhwa omnye. Liphelela lonke eBhabheli, ngendlela enye, line . . . nebandla laseRoma nemanyano yamabandla e—ezizwe; kwaye nako apho akhoyo, konke kuphelela, onke esentweni enye, isikhephe esinye.

178 Kodwa elikaThixo iBandla (Halleluya!), lelibizelwe-ngaphandle iBandla, lahlulwa. Lakhiwe njani iBandla? Uyakuyazi njani lento? Ungakhe uyazi njani le ukuba yiNyaniso? Xa uThixo ekutyhilela. Waya—wayazi njani u-Abheli ukuba lixhwane endaweni yama apile? Yayityhiliwe kuye: "Ngokholo u-Abheli wasondeza kuThixo umbingelelo ogqithileyo."

179 Esihla eNtabeni yoGuqulo, uYesu uthi, "Bathi abantu Ndingubani?"

Abanye bathi, "U-Eliya," "Moses," nokunjalo.

Wathi, "Kodwa ndibuza nina, 'Nithi Ndingubani?'"

UPetros wathi, “Wena unguye uKristu, uNyana woThixo ophilileyo.”

180 Wathi, “Awukufundanga oku . . .” Ngolunye uhlobo (Ndithetha oku, hayi ukuze ndibe mkhulu, kodwa ukubethelela inqaku): “Awukufundanga oku kwesithile isikolo sezakwalizwi; umntu othile akakufundisanga oku; kodwa uBawo waM, oseZulwini, ukutyhilele oku kuwe: ukuba NDINGUYE (hayi uYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele, kodwa, NdinguYesu Kritsu). Kwaye phezu kweli lwalwa (Eliphi ilwalwa? Eliya linye uAbheli waya; phezu koluya lwalwa lunye.), phezu kolu lwalwa, iNyaniso kaThixo etyhilwe ngokomoya, Ndiyakulakha iBandla laM, kwaye namasango esihogo angekhe aloyise.” Kunjalo. Ayalizama, kodwa angekhe aloyise. Uyabona?

181 Ngoko yiya nje eKhalvari, ubethelelwe emnqamlezweni, ubuye, uze athathe indlela yakho nabeNkosi abadeliweyo abambalwa, uhambele phambili.

182 Ngoku, Nkosi, sinikela zonke izinto kuWe. Andazi, okuphuma kweli qela, yintoni elapha. Andinambono yokwazi, Nkosi, ngaphandle kokuba Uyityhile. Kwaye ngoku, Bawo Thixo, andikuceli ukuba Uyenze lonto. Ndiyibeke nje phezu kwabantu. Nabo ke. Yanga le ingayiKhalvari yokwenene kule ntsasa; yanga ingangokwenene ukubethelelwa emnqamlezweni kwentando-yesiqu, neminqweno-yesiqu, nezinto ezinkulu zobomi.

183 Anga amadoda angaba ngathobekileyo, bazimisele ukuthatha indlela nabeNkosi abadelekileyo abambalwa. Banga bangahamba ngentobeko. Banga bangazalwa kobu Bukumkanini, obu bukhulu uBukumkani bukaThixo, obungumzimba wakwamoya, umzimba wezulu kaKristu emhlabeni: “NgaMoya mnye sibhaptizelwa sonke mzimbeni mnye.”

184 Sinike oko, Nkosi. Nokuba bamnyama, bamhlophe, batyheli, bantsundu, nokuba bayintoni, ndoda okanye umfazi, obophekileyo okanye okhululekileyo: senziwe sonke ukuba sisele Moyeni mnye.

185 Sinike oko, Bawo, kwaye yanga ingane . . . kwabaninzi, kule ntsasa, ukuze baqonde; yanga Ungavula ingqiqo yabo. Ngoko ke, iyakuba njengemini entsha kubo: ilanga liyakukhanya, kwaye ukukhanya okucimezayo kweemfundiso zakwalizwi ezenziwe ngabantu kuya kumka, kuze ukuKhanya kukaThixo kukhanyise endleleni yabo, kuze kukrazule ikhuselo elikhusele oku kuKhanya kuhle. Baze babe nokuhamba kwindlela ephakamileyo yobungcwele, ngoko ke, bephilela abanye, njengoko uKristu wenzayo.

186 Ngoku njengokuba sizisa umgca wokuthandazela, ndiyathandaza ukuba Uyakubathambisa abakhonzi Bakho kule ntsasa, sonke, njengokuba sithandaza, onye ethandazela

omnye. Kwaye sinike, namhlanje, ukuba wonke umntu ogulayo othi adlule kulomgca wokuthandazela abe angaphila. Banga bangabuya, njengaleya incinane intombi enamehlo aligxwemu, nenkwenkwe encinane, kwane. . . neliya lidala inenekazi, no—noMzalwane uWright, nabaninzi babo badlulileyo, Nkosi, beneenkxwaleko nezifo nezinto oogqirha abangenakuzinyanga; kwaye naba belapha namhlanje (nje malunga neveki edlulileyo), kwaye naba belapha, bephilile, namhlanje.

187 Thixo, yanga amadoda nabafazi bangadlula ngoluya kholo lunye, besazi ukuba baya eKhalvari ukuya kubethelela emnqamlezweni iingcinga zabo neembono zabo zokuba "badlule ekuphilisweni." Anga amandla avusa uYesu engcwabeni angabanika ubomi, ubomi obukhulu bokholo.

188 Ze ke, ngokukhawuleza emva koku, banga abaninzi bangeza equleni ukuza kubhaptizwa. Sicela, eGameni likaYesu. Amen.

189 Ngoku, sinemizuzu nje engamashumi amabini okuqhuba umgca wokuthandazela nenkonzo yobhaptizo. Ngoku asinawo amakhadi okuthandazela. Sibuyile koko, kwaye siyakuzama ukuyisebenza kwiinkozo zam ezinkulu nanini na siqala. Ndinixelele nonke, siyondlalile ngokuphandle, sinayo ekhasethini, kwaye naphi na apho ndiyakhona, lamakhasethi ayakuthunyelwa ngaphambili.

190 Umqondiso ukhomba kuphela kwintsikelelo. Imbono yayikukuba, "Ukuba uyakuthandazela abagulayo, wenze abantu bakukholwe."

Ndathi, "Abayi kundikholwa."

Wathi, "Uzakunikwa lemiqondiso, kwaye ngako oku bazakukukholwa." Imiqondiso ihamba hambile, iminyaka elishumi ukujikeleza ihlabathi, kungekho nelinye ixesha isilela. Akukho kusilela, konke konke, kuyo. Bangaphi abakwaziyo oko ukuba yinyaniso?

191 Kuhle, ukuba ungawukholwa umqondiso, ngoko ke kholwa uMyalezo. Kulungile oko. Iyabonakalisa. Kwaye uThixo angafaka kum uMyalezo (Kwaye awuvumele ugqibelele ngolo hlobo, kodwa into. . .) ndize ndinixelele into engaba bubuxoki? UThixo angekhe andivumele ndiyenze lonto. Hayi, hayi. Hayi, mhlekazi. Ndinixelela iNyaniso.

192 Ngoku, nonke nina nifuna ukuthandazelwa, ngohlobo lwe, kolukrozo apha, yizani ngapha kweli cala, ukuba ningenza, phesheya phaya, yenzani umgca ngasekunene. Kwaye ke oko kuyavumela abantu badlule ngexa sithandaza. Ze ke sifumane a—amakhwenkwe, abancedisi kunye nabo bayakugada; kwaye ngexa bephumela apha, ze ke ngapha kweli cala, sizakubazisa ukujikela ngasemva, sibaphumelise kuwo. Wonke umntu athandazelwe.

193 [Umntu othile uthetha noMzalwane uBranham—Mhl.] Owu, hayi, ha a, andiyenzanga. Kuhle, nanini na ufuna. Akuhluphi. Ungamkhupha, okanye wena . . . Ndinga . . . mkhuphele phaya ngoku, okanye kancinci emva, nanini na efuna, akuhluphi.

194 Ngoku, masizoleni nje ngokuba singanako, okwalemizuzu imbalwa ilandelayo. Ndifuna nonke nibe nicinga ngoku: Ngoku, itheni—itheni iBhayibhile? "Umthandazo wokholo uyakumsindisa ogulayo." Bangaphi abayaziyo ukuba oko kunjalo? Bangaphi abayaziyo ukuba iBhayibhile yathi, "Le miqondiso iyakulandelana nabo bakholwayo. Imisebenzi eNdiyenzayo niyakuyenza nani"? Kwaye yaye iyintoni imisebenzi? Wathi, "Ndinako ukuba uyakholwa kukuba ndingayenza lento." Ingaba kunjalo?

Ubuyintoni umbuzo wam? "Abayi kundikholwa."

Wathi, "Lemiqondiso iyakubabangela bakholwe."

195 Ngoku, ukuba uyakholwa, lungisa: Le yiyure yakho yenkululeko. Nje ngokuba ibiya kuba njalo kwisono, sisithembiso esinye soThixo omnye.

196 Ngoku, sinomncinane, ogulayo umfazi apha, onengxaki yesisu, ovela ezantsi eNew Albany. Sizakumthandazela, kuqala, ukuze abe nokuzifumanela—nokuzifumanela isihlalo. Ngoku, ngokuzolileyo, kwaye wonke ubani, ngoku. Ndifuna abazalwane bandincede, apha. Kwaye masithobeni iintloko zethu okomzuzwana, ngoku, ukwenzela umthandazo.

197 Ngoku, Bawo OseZulwini, eli ibe liLizwi laKho. Andinaxanduva ngesenzo esiyakuthathwa phezu kwalo, kodwa ndinoxanduva lokulishumayela. Kwaye ndisazi oku (kwaye ndisazi ukuba ndiyindoda ebudala buphakathi ngoku, kwaye ngenye imini kufuneka ndibonane naWe): Ndishumayele iNyaniso ngokusuka entliziyweni yam. Uyayazi lonto. Hayi kuba sendigwebile, ukuba bekunjalo, Nkosi, ke ndidinga inguquko.

198 Kwaye Bawo, ndiyathandaza ukuba Uyakunceda, ngoku, njengokuba sisiya kuthandazela abagulayo, yanga imithandazo yam ingaphendulwa, hayi kuphela eyam imithandazo, Nkosi, kodwa umthandazo welibandla, njengokuba aba bantu bangamahlwempu . . . Bekuya kuthini ukuba lo ibiyinkosikazi yam imi apha? Bekuya kuthini ukuba lo ibinguye, ehleli kwisitulo samavili? Okanye udadewethu? Umama wam? Owu, Thixo, philisa aba bantu. Ungayenza, Nkosi?

199 Khangela, kumi kumgca wokuthandazela: ingxaki yentliziyo, umhlaza, itumor, zonke iintlobo zezifo neenkxwaleko. Abaninzi kubo bayeza (amakhulu ayakhululwa, kanye ukusuka apha, Nkosi), kwaye bayayibona, kwaye bayayikholwa, kwaye bayeza emgceni wokuthandazela ukuze bamnkele eyabo. Beza kwiLityе eliphilayo ngoku, hayi umkhonzi waKho, kodwa kuNyana waKho, uYesu, OnguMkhokeli weBandla, elomoya, uMntu ongenakubonwa

phakathi kwethu. Kwaye njengokuba sihamba, sinikela ngeGama laKhe (Uthe, "EGameni laM bayakukhupha iidemoni."), ndiyathandaza ukuba Uyakuyiphendula imithandazo yethu, eGameni likaYesu. Amen.

200 Ngoku, wonke umntu abe semthandazweni. Ngoku, yinxalenye yakho le, nawe. Ngumthandazo wakho.

Ngoku lo mfazi mncinane kumele afe, ukuba Into ethile ayimncedi.

201 Bangaphi abamaziyo uMzalwane uStadsklev? UMzalwane noDade uStadsklev? Nditsalelwe umnxeba ovela eJamani kathathu ngobunye ubusuku; umntwana wabo ebefile. Bacela, "Mzalwane uBranham, sikubonile, ngoMoya kaThixo, uvusa abafileyo," (Babemi bekhona bayibukela. Uyabona?) "Kwaye siyazi ukuba ungumprofeti weNkosi. Thetha nje iLizwi."

Ndathi, "Angekhe ndilithethe, ngaphandle kokuba libekiwe emlonyeni wam."

"Yiza eJamani." Ndavuka ngokukhawuleza. Kwaye batsala umnxeba: "Sinenqwelo ntaka engakuzisa eJamani kwiiyure ezintandathu." Inqwelo ntaka yasemkhosini engandibhabhisa ukuya eJamani ndiye kuvusa umntwana ofileyo. Inqwelo ntaka yasemkhosini iyakundisa ngaphesheya kwiiyure ezintandathu, ukusuka eLouisville ukuya eMünchen, eJamani.

202 Ndangena phaya, ndaze ndaya emadolweni am, ndaze ndathi, "Bawo, kumele ndithini? Thetha emlonyeni wam." Akandiphendula. Ndaya emahlathini, ndathi, "Bawo, kumele ndithini? Beka amazwi emlonyeni wam. Ndiyakuhambela ilize, ukuba akunjalo." Ndabuyela emva, Akandiphendula. Ndangena. Ubusuku ndathandanza, "Nkosi, beka amazwi emlonyeni wam." Akwabakho nto iphendulayo.

203 Kwintsasa elandelayo inkosikazi yam yavuka. Kwathi nje ukuba amnke, iLizwi (Ndaphakama), Wathi, "Musa ukukukhalimela oku. Oku sisandla seNkosi." Uh-huh.

Ke ngokukhawuleza emnxebeni: "Andinakuza. Hayi, oku sisandla seNkosi. Ndiyakuthintelwa." Uyabona amandla akhoyo kokwa kukhalima? Xa uThixo wathi, "Musa ukuyenza lanto, ngoba sisandla seNkosi."

204 Ngoku, uMoses, ngelinye ilixa, waxelelwa ukuba angayenzi into ethile, waya kuyenza nakanjani. Uyakhumbula? Ngoko a—andaya.

205 Kwaye ndingakuphathela okubhaliweyo okubonisa abantu abane abohlukileyo, abathi, babexelwe ukuba bafile ngoogqirha, emva komthandazo nokukhalimela ukufa. Uyabona? Sima phaya ukuyikhalimela lanto. Kwaye ukuba uThixo ukunike amandla okwenza into ethile, kungcono uyilumkele into oyenzayo. Uyabona? Kungcono uyilumke-. . . Wathi, "Musa . . . "

206 Ngoku, khumbula, lanto ingangakungeni kakuhle kakhulu wena, kodwa kum, yathetha okuthile. Uyabona?

"Musa ukukukhalimela oku." Elimnandi okwenene, elinobubele iLizwi (malunga necala emva kweyesithandathu, ndiyakholwa bekulilo, icala emva kweyesithandathu kula ntsasa) lathi, "Musa ukukukhalimela oku. Oku sisandla seNkosi."

Ndathi, "Enkosi, Bawo. Enkosi, Nkosi. Andizokuyenza."

207 Ukuba Ebethe, "Kukhalimele oku. Oku litshaba lingenele."

Bendiyakuthi, "Masihambeni." Kwaye ibiyakwenziwa.

208 Xa la nkwenkwe incinane phaya eFinland yayilele phaya, ifile, ibotyoziwe, kungekho nethambo eliphilileyo emzimbeni wayo, iNkosi yathi yayisisandla sikaSathana, yathi, "Kukhalimele."

209 Ndaze ndathi, "Kufa, awunakumbamba. Mbuyise, mkhulule." Phaya, yatsiba yama ngenyawo zayo, kuhle, kungekho nkqu nelophukileyo ithambo emzimbeni wayo. LiLizwi leNkosi elo. Andinakulisebenzisa iLizwi leNkosi de iLizwi leNkosi lize kum.

210 Kodwa eSibhalweni, iLizwi leNkosi lindinike umyalelo wokuthandazela abantu abagulayo; linike wena umyalelo wokubathandazela. Ngoku, "umthandazo wokholo uyakumsindisa ogulayo;" masithandazeni, nithobise iintloko zenu; sizakubona ukuba Uthini, ngexa nidlula.

211 UnguMkristu, unguye? Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke ukuba uYesu uzakuphilisa? Unengxaki encinane yesisu; ubulaleke nayo iminyaka, dade. Ngoku, uzakuphila, ukuba uyakukholwa.

212 Ngoku, Nkosi Thixo, lomfazi mncinane kumele afe ngaphandle kokuba Umncede. Ngoku ndiyathandaza, njengokuba ndijonga kuye, andiboni sizathu sokuba afe.

Kwaye ndiyava emoyeni wam, Nkosi, ukuba yintando yaKho evunyelweyo, ngoku, ukuba ndikukhalimele oku: Sathana, mkhulule!

EGameni likaYesu Kristu, wanga angaphila, aze kwelibandla, aze kunika ubungqina kuzuko lukaThixo. Amen.

213 Ngoku, ngokulula njengokuba okuya kunjalo, nenekazi, uzakuphila. Uyakukholwa oko mzalwane?

[UMzalwane uBranham uyemka kumboko—Mhl.] Uyakholwa ezantsi apha, ukuba uzakuphila?

Hamba ngoku, qalisa ukutya nantoni na oyi . . . uzakuba ngoko, uzakulunga konke.

Ngoku, ulindele ukunika ihlabathi istroke, ulikhubaze; linike wena istroke, lenza wena ube ngokhubazekileyo. Ngoku, uThixo weZulu othatha istroke saKhe asisuse ehlabathini ukuze

anike uxolelo lwesono, ngelaGama linye, angakunika uxolelo lwesono, asuse istroke kuwe, akwenze uphile.

Kholwa ukuba angayenza lontliziyo ibethe kakuhle? Kwenze oko, uyakuphila . . .?. . .

214 Nkosi Yesu, lomfazi ulihlwempu kumele alale kwesi situlo samavili ubomi bakhe bonke obuseleyo aze ke, athathwe amke. Kodwa siyacela ukuba lamandla kaSathana athathwe asuswe kuye. Yanga angaphila ahambe abe ngendlela eqhelekileyo njengoko wakhe waba njalo. Sikucela oko eGameni likaYesu. Amen.

215 Uyakholwa? Ngumsebenzi ogqityiweyo, kwenzekile. Yintoni inkathazo? Kungekho loyiko, kungekho . . . Wawunga . . .? Wawuphiliswe kumhlaza ngelinye ilixa . . .?. . . Mkhulule, nika yonke into kuYesu.

216 Nkosi Yesu, ndibeka isandla sam phezu kwalomfazi kwaye ndikhalimela isigulo sakhe. Ndiyazi ukuba unguMkristu, uzalwe ngoMoya. Ndiyayithatha isuke kuye, eGameni likaYesu Kristu elimangalisayo iGama. Amen.

217 Nkosi Thixo, ukwenzela umntakwabo oxabisekileyo, ndicela usindiso lwakhe eGameni likaYesu. Yima kulonto. Amen. Izakwenziwa.

218 Ingaba ukulungele ukwamkela impiliso yakho, nyana? Kulungile, imkile ukuya esandleni saKhe.

219 Nkosi Yesu, phezu kwalomfana usemtsha, owathi, okuvela kuWe, uthandazela ukwamkela impiliso yakhe. Njengomkhonzi waKho, ndibeka izandla zam phezu kwakhe eGameni likaYesu Kristu . . .?. . . Amen.

Ngoku, nje nayiphi . . .?. . . ngoku, ubize nje iGama laKhe. Ngoku, hayi—hayi kum . . .?. . .

220 Bawo Thixo, nje ngonyana kuphela owathi ngelinye ilixa woyama esifubeni sikamama, wambambazela kwaye—kwaye wathandaza naye waze wabamba isandla sakhe esincinane xa wayelusana olungqumshelayo. Ngoku, uSathana umfake kwiziko labagula ngengqondo. Thixo, uze kwiBandla elingcwele loThixo ophilayo, iBandla elizelwe ngoMoya kaThixo, iBandla uMoya kaThixo ophila kulo, aze aZazise. Kwaye namhlanje, ngomthandazo, siyamkhulula lamfazi kwelaziko. EGameni likaYesu Kristu, siyathandaza. Amen.

Yiya ekhaya, ulungile.

Enkosi ngokuza, ucelele umama wakho; ngunyana wenene lowo.

221 Le yimini yokukhululwa kwakho. Nkosi Yesu, ukwenzela lomfazi usemtsha, ukwenzela usindiso lomyeni wakhe nokukhululwa komqala wakhe, yanga angakwamkela oko

eGameni likaYesu Kristu, Othi ma “size, sikukholwe ngoku,” kwaye yimveliso egqityiweyo.

222 Nkosi, oogqirha baxelile, Nkosi, isemzimbeni wakhe, iza emehlweni lakhe. Uze kukhululwa, phezulu ngapha kwesi sibingelelo, njengokuba eliBandla lingcwele lithandaza, ndicela ukukhululwa kwakhe eGameni likaYesu Kristu, oku kutsha kuzakuwushiya umzimba wakhe. Ngumsebenzi ogqityiweyo.

Ukwenzela unyana wakhe, ndiyayisikelela letshefu. Yanga ukuva nesimo esilungileyo singabuyela kwindlebe . . . ?. . .

223 Ngoku iBandla liyathetha; ngoku iBandla nguMzimba ongenakubonwa kaKristu. Sonke siyakuthandazela. Uyabona? Ase—asenzi sivumo sokuba sisehlabathini kwakhona. Asithethi ngokuthingaza apho siyakhona. Siyifumene iNdlela. Sizalelwe kulaNdlela. SiliBandla loThixo oPhilayo (inxenye yalo); ngokuba, lisasazwe kulo lonke ihlabathi. Kodwa eli liqela labo. Namhlanje, sikunye siza eGameni laKhe. Siza ukwenza oko Wathi, makwenziwe. Into Angenakuyityhila xa siza kunye. Thandazela abagulayo, beka izandla kubo, “umthandazo wokholo uyakumsindisa ogulayo.”

224 Yanga ingxaki yentliziyo yakho ingakushiya. EGameni likaYesu Kristu, ndiyawuthobela umyalelo uThixo awandinika wona . . . ?. . .

NGALA MINI EKHALVARI XHO60-0925
(That Day On Calvary)

Lo Myalezo kaMzalwana William Marrion Branham washunyayelwa ngesiNgesi kusasa ngeCawa, ngoSeptemba wama-25, 1960, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waza wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2018 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org